



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

INCWADI YOKUQEQESHA OOTITSHALA

Ukufunda nokufundisa uncwadi

INCWADI KATITSHALA

IBANGA – 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

2017

IINJONGO:

- Ukuxhobisana ngemixholo yeetekisi zoncwadi olutsha olufundwayo noluza kuhlolwa.
- Ukuqulunqa izixhobo ezongezelelweyo zokuxhasa ukufundiswa koncwadi olutsha.
- Ukwabelana ngezinto ezincomekayo nezisemgangathweni ezenziwayo ngamaphondo ezinokuncedisa.

UKUFUNDISWA KONCWADI

YINTONI UNCWADI

- Ngumsebenzi obhalwe ngobalaselo kwiimbono, kwiimvakalelo, ukomeleza nokuphawulwa ngababhali
- Uninzi loncwadi luvela kolu luhlu lulandelayo:
 - Isihobe
 - Idrama
 - Inoveli
 - Amabali amafutshane
 - Kunye noncwadi lwemveli

INKQUBO ELANDELWAYO YOKUFUNDA NOKUFUNDISA ISIHOBE NGOKWECAPS

1. INKQUBO YAPHAMBI KOKUFUNDA:

- Bonisa **umphandle wencwadi** bajonge ulwazi olufumanekayo, umz: iqweqwe lencwadi, isihloko sencwadi, umbhali,
- Bonisa **umphakathi wencwadi** kujongwe imbali yombhali kunye nonyaka eshicilelwe ngawo incwadi
- Ukujongana naso nasiphi na isigama esingundoqo esinokuba sesingaqhelekanga kubafundi.

2. INKQUBO YANGELI XESHA UFUNDAYO

- Bajonga ze bachonge isigama esingaqhelekanga nemifanekiso, baze banxulumanise netekisi.
- Ukubandakanyeka ekukhangeleni intsingiselo yetekisi
- Bayahlalutya

3. INKQUBO YASEMVA KOKUFUNDA

- Kuphendulwa imibuzo emalunga netekisi ukususela kwimibuzo elula ukuya kwenzima
- Ukuhlalutya umbongo: ukuthelekisa nokuchasanisa, ukucazulula/ ukuphicotha, ukuphonononga, ukwenza isigqibo, ukudandalazisa uluvo lwakho.

1. ISIHOBÉ

Phantsi kwesihobe kukho izibongo kunye nemibongo

1.1 IZIBONGO

- Ludidi oluqanjwa yimbongi enesiphiwo sokubonga iqamba nangantoni ethe yachukumisa umxhelo wayo. Umzekelo Imbongi yomthonyama
- Indlela yokuqala: imbongi idla ngokucela inzolo / ukumanyelwa. Umzekelo: Hooooyina!
- Iba nowalakahla lwamagama angaqhelekanga, into edala loo nto kungokuba imbongi isisisele senyathi solwimi.
- Imbongi iba nendlela ethile yokuvala umbongo wayo ngokuxelela abaphulaphuli ukuba igqibile nanjengoko ibicele inzolo. Umzekelo: Ncincililiii!
- Olu hlobo lombongo luzisebenzisa kakhulu izithethantonye, izikweko nezifaniso ukuphuhlisa ubuvimba bolwimi.
- Isingqisho lolunye lophawu oluxhaphake kakhulu.

1.2 IMIBONGO:

- Yimihobe engabantu okanye zonke izinto ezimntwisiweyo neziganeko ezithile.

IINDIDI ZEMIBONGO:

1.1 Umbongo mbaliso

- Lo mbongo ubalisa ngesiganeko esakha senzeka okanye ubomi bomntu, siganeko eso esenzeka kudala sisenzeka ngesizathu esithile.
- Nangona lo ingumbongo-mbaliso kufuneka ubhalwe ngohlobo lwesihobe ubonakalise ubuqhawe, isihlekiso, uchukumiseko, ummangaliso othile okanye impixano nokushukuxana okuthi kudale unxunguphalo okanye usizi, nalo naluphi na uvakalelo.

1.2 Isimbambazelo/ I-eleji/ Umbongo sikhuzo

- Olu didi luthuthuzela abantu ababhujelweyo/ lukhapse ababhubhileyo.
- Nangona luthuthuzela nje lunokusebenzisa nasiphi na isimbo sokubonga.
- Ngumbongo ongomntu obhubhileyo, odumileyo ngemisebenzi emihle.
- Ngumbongo onokubonisa ilahleko kwisizwe, kwimbongi ngokufa kwakhe loo mntu.
- Imbongi iza kwenza isimbonono sesikhalo esidizwa sisigama esisebenzisileyo.

1.3. Isonethi

- Lo ngumbongo ochukumisayo ngeemeko zomxhelo. Ingumjelo wokuvakalisa uvakalelo lwembongi ngombandela othile ngeyona ndlela imfutshane.
- Unemiqolo elishumi elinesine.

Iindidi zeesonethi

1.3.1 Isonethi yamaNgesi/ ekaShakespear

- Ineekwatreni ezintathu
- Nekhaphlethi enemvano-siphelo efanayo (**engasoloko ikho esiXhoseni**)

QAPHELA: ikwatreni zingasebenza ngenye kwezi ntlobo:

- Zinokuthi kanti zinika imizekelo emithathu yomcamango othile
- Zinokuthi kanti zinika iziganeko ezithathu zoluvo oluthile
- Zinokuthi kanti zibonisa iimbono ezintathu ngento enye.
- Isingqi sayo singu abab cdcd efef gg

1.3.2 Eyesitaliyane/ ekaPertrarch

- Yenziwa yi Okthevu kunye nesestethi (kwatreni nekhaphlethi)
- Isibhozo sokuqala semiqolo sibizwa ngokuba yi-okthevu eyandlala udaba oluthile/ ingxaki ethile
- I okthevu inale mvano siphelo: abbaabb
- Isithandathu semiqolo sibizwa ngokuba yisestethi ephuhlisa umcamango othile, isiza nesisombululo.
- Isestethi inale mvano siphelo: cdecde
- Isestethi iyohlulwa, isine sokuqala sibizwa ngokuba yikhwatreyin, isibini sokugqibela sibizwe ngokuba yikhaphlethi

1.4. Umbongo nkcazo

- Ngumbongo apho imbongi ichaza ngomba othile nokuba zizilwanyana, indalo, amaxesha onyaka njalo njalo.
- Olu didi lombongo lucacisa umxhelo wembongi ngemeko ethile okanye ngento ethile. Umzekelo: Inyibiba, Umlambo njalo njalo

1.5 Indumasiso

- Ngumbongo omde kakhulu obalisayo, oqulathe iqela leziganeko, udelo ngozi namanzithinzithi anxulumene negorha elingundoqo wembali leyo.

limpawu zendumasiso:

- Kukho intlekele okanye ishwangusha eligqubayo eliya kuba ngunozala okanye isohlwayo sokungathotyelwa kwesithethe/ isiko

1.6 Ibhaladi

- Ngumbongo mbaliso odla ngokuthetha ngeziganeko ezithile ezibalulekileyo.
- Mandulo lo mhobe wawuyingoma yokuxhentsa, ekuhambeni kwamaxesha waba ngumhobe obalisayo.

limpawu zebhaladi:

- Ibali lidla ngokuqala ngezothando okanye ngobugorha ukuze liphele ngentlekele.
- Kukho imvakalelo yengoma nethi yenze uvakalelo lomoya ngamandla

1.7 Iirikhhi/ Umhobe bungoma

- Lo ngumbongo omfutshane odla ngokubhalwa ngokweembono zomntu wokuqala.
- Uphuhlisa imvakalelo okanye umbono okanye ucacisa isehlo
- Azibalisi bali kwaye zinengoma / kuvakala ubumnandi bengoma

1.8 Umbongo oncomayo

- Apha kulo mbongo kunconywa into ethile okanye umntu othile.
- Olu hlobo lwahlukile kwizibongo kuba lona alwenziwa sidlangalaleni, lunokubhalwa phantsi kuphela, kwaye lulandela isimbo sesihobe sanamhla

1.9 Umbongo ntlekisa / isathaya

- Kolu hlobo lombongo imbongi isebenzisa uhlekiso njengesixhobo sokugxeka okanye ukuhlasela isiphene esithile kumntu othile okanye iqela labantu.
- Injongo yalo mbongo kukukhuthaza olo didi lwabantu kuhlekiswa ngalo ukuba lulungise eso siphene kuhlekiswa ngaso

1.10 Umbongo Ntyilazwi

- Le mibongo iphathelele kwizinto zenkolo neyaluphi na uhlobo.
- Inokuba bubuKrestu okanye izinto ezinxulumene namasiko nezithethe, izinyanya njalo njalo

1.11 Izibongo zikhalazo/zopolitiko/zonkwintsho

- Kulapho imbongi ivelisa ilizwi lokhalazo malunga nomba othile.
- Inokukhalazela umbuso ophetheyo, isimo esithile kubantu abathile, ukulahlwa kwamasiko nezithethe okanye ukutshintsha kwenkcubeko

UKUFUNDISWA KWESIHOBE NGOKWECAPS

- Sifundisa itekisi ukuxhasa, ukucacisa, ukutyhila oko umbhali akuthetha kuthi.
- Sijonga ukusetyenziswa kolwimi, ukwakhiwa kwemiqolo, iivesi nemibongo, ukukhethwa kwemifanekiso, isingqisho, isandi semvakalelo esivuselelwa yimifanekiso ngqondweni.
- Intsingiselo engundoqo / yentsusa
- Intsingiselo efihlakeleyo
- Imo, umongo/ ingxam nemfundiso. Imifanekiso-ngqondweni
- Isakhiwo sangaphakathi sombongo: uhlalutyo lombongo umz: ukhetho – magama, izixhobo zesandi, ithoni, iimpendulo ezichukumisayo nezafobe

Imizekelo yezixhobo zohlalutyo:

- ✚ Isifaniso: sisafobe apho kuthi kufaniswe izinto ezahlukeneyo. Isifaniso sihamba nezi zakhi njenga- ngokwa -nqwa na- oku kwa- , fana, xela ngathi. Umzekelo: Ulukhuni okomthi womthathi uLindiwe. Injongo kukufanisa into nenye ngenkangeleko nangezimbo.
- ✚ Isikweko: xa kusetyenziswa isikweko le nto ifaniswayo ibizwa ngegama lale ifaniswa nayo. Umzekelo: UNomsa yingcuka eyambethe ufele lwegusha ebantwini. Sithandwa kakhulu ziimbongi kuba sizithathisa indlela emfutshane kuba endaweni yokuyichaza into ibizwa ngqo ngale nto ifaniswa nayo.
- ✚ Isimntwiso: sisafobe esithi sifanise izinto ezengengobantu nabantu. Ezi zinto zenziwa zibe nezimbo zobuntu ezenjengokuba izilwanyana zithethe zakhe imizi njalo njalo umz: Ndingwenela ukuba *nguwe* ntaba ndini, Lavela lincumile elaloo mini ilanga. Injongo yesimntwiso kukunika isidima somntu kuloo nto kuthethwa ngayo
- ✚ Isihlonipho: Yintetho emnandi esetyenziselwa ukuquma isenzo esibi, esilinyala okanye esilahlazo emehlweni abantu. Ikwayintetho egwegwelezayo ukubiza into elihlazo ibekwe ngendlela equmayo. Sisetyenziswa ngenjongo yokuyivakalisa kamnandi, siphuhlisa intlonipho/ isidima/ impoxo. Injongo iba kukukuphoxisa. Wumbi umbalisi injongo yakhe sukuba ikukuquma ihlazo okanye engafuni kuyibiza njengoko njalo into

Umzekelo: Yayiqhuba amatakane ingazazi nokuba iphi

Omnye umzekelo: Ngoko masizililele

Yena lowo simvuyelele

Kuba yena *ugodukile*

✚ Isichasaniso/uchasaniso: Apha kusetyenziswa amagama achaseneyo ukucacisa imeko ethile injongo ikukugxininisa/ kukuqaqambisa intsingiselo

Umzekelo baphuma bengena,

Emini usisiquququ, ebusuku unguntsonganyawana

✚ Isibaxo/ ubabazo/ ugqithiso kulapho kusetyenziswa ubaxo ukugxininisa imeko ethile. Yintetho ebaxiweyo/ egabadeleyo.

Umzekelo: Amahwantsi eqabaka anengqele exhelayo yobusika.

siyahlekisa ngento okanye siyaphoxisa, siyagxininisa

sibethelela uluvo oluthile

✚ Isifanadumo: kusetyenziswa isandi ukuchaza into umzekelo: ukuvuthuza komoya

✚ Umbuzo buciko: Ngumbuzo ezibuza wona imbongi ingafuni mpendulo ngawo. Umzekelo: Luphi na ubabalo emhlabeni apha?

Sisetyenziswa ngenjongo yokubethelela uluvo oluthile / yokuwexula abaphulaphuli babe kule nto akuyo umbhali.

Usenokusetyenziswa ukubonakalisa impixano ingakumbi impixano yangaphakathi. Wakuyimamelisisa le mibuzo ufumanisa ukuba ineenjongo zokukuba ukuba ube ngakwicala lesithethi ngokweengcinga

✚ Uvumephika: xa kusetyenziswa isilanduli sesichazi. Umzekelo: USipho akamhlanga, Oku kutya akumnandanga.

✚ Isinxulumanisi: Xa kusingiselwe entweni ngokuyibiza ngegama lento enxulumene nayo. Injongo kukuqaqambisa olo phawu lwaloo nto / loo mntu

Umzekelo: Isandla sakhe sihle, Ufunda yiphi incwadi

✚ Uphindaphindo (Uphindaphindo luyagxininisa luphinde ludale isingqisho)

➤ lindidi zophindaphindo:

▪ Uphindaphindo lwegama (imvano siqalo)

Umzekelo:

Yincwadana encinane ephethe igama

Yincwadana edelekileyo ephetha Idilesi

- Uphindaphindo lwegama (imvano siphelo)

Umz: Waswela umntu walamba umntu

Wabhaca umntu watshipha umntu

- Uphindaphindo lwebinzana. Umz:

Inkcubeko int'emany'isizwe

Inkcubeko int'emany'uluntu

- Uphindaphindo lwesifanokuthi

Umz: *Ubambiswano* lulungile

Intsebenziswano ibalulekile

- Uphindaphindo lwezandi (imfanozandi)

Umz: Bendiba ngumntu kambe

Kanti ndihamba *nerhamba* elisirhunu

lirhubuluza ngoburhalarhume

- Uxwesiso. Umz

Vulan'amasango *singene*

Singene siphelele kwilizwe lethu

- ✚ Izifanekiso zwi. (ziyacacisa, zinika imifanekiso ngqondweni)

Umz: Yinto emlomo uthe *nkebe* okukakrebe

- ✚ Izikhuzo (zibonisa imo neenjongo zembongi)

Umz: *Yini!* Na mzi kaNtu! *Shu!* kwakhe kwanje phi na!

- ✚ Impinda (Isetyenziswa xa kuvulwa okanye kuvalwa isitanza ngeenjongo zokubethelela ingcamango ethile)

Umz Andisenakubuza ndisithi kunjani na

Ukukhanywa yintambo yedyokwe emqaleni

kuba ndikubonila ukwenziwa komkhonzi

kwinkatyana yedyokwe

.....
Yabigudile intle, izalelw'inkululo

Ingaceli nto mntwini izingca ngobunkomo

Uthe umntu mayibanjwe iqeqeshwe ithambe
 Ezilungiselela ngokunga uyasiza
 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
 Kwinkatyana yedyokwe

- Isakhiwo sangaphandle sombongo: imiqolo, amagama, izitanza, isingqisho, uthungelwano, isingqi, ukusetyenziswa kweempawu zokubhala, ukuphindwa komqolo emva kwezitanza/imiqolo/, uphindaphindo.
 (Umbongo wakhiwa ngezitanza. Singasinye/ zingazibini njalo njalo kuxhomekeke nakuhlobo lombongo
 Xa sithetha ngesakhiwo sesitanza siqwalasela:
 - Inani lemiqolo esakhiwe ngayo isitanza
 - Inani lamagama kumqolo ngamnye wesitanza
 - Ukulingana okanye ukwahluka kwenani lemiqolo kwisitanza)

IMIHOBE YESIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA IBANGA LE-12

IMIHOBE YESIXHOSA: B. NGOMBANE

Nantsi imibongo efundwayo:

No	Umbongo	Igama lombhali
1.	Inyibiba	J.J.R Jolobe
2	Ithemba	S.E.K Mqhayi
3	Ingoma kaVelaphi	J.J.R. Jolobe
4	Intliziyo yam	C. Ngakula
5	Umyolelo wexhego	C. Ngakula
6	Umkhosi wemidaka	S.E.K Mqhayi
7	Unozakuzaku	Z.S. Qangule
8	A! Ngangomhlaba	S.E.K Mqhayi
9	Iimbongi	Z.S. Qangule
10	Ukwenziwa komkhonzi	J.J.R Jolobe
11	Umfikazi uCharlotte Manyi Maxeke	S.E.K Mqhayi
12	Umlambo	J.J.R Jolobe

1. INYIBIBA: J.J.R JOLOBE

1.1 UHLOBO/UDIDI LOMBONGO

- Ngumbongo nkcazo kuba imbongi isichazela ngobuhle bentyantyambo inyibiba.

YINTONI INYIBIBA?

- Yintyatyambo ekhula phakathi kwamatye ezixhotyeni/ emgxobhozweni.

1.2 INTSINGISELO YAMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo eqhelekileyo	Intsingiselo efihlakeleyo/ enzulu.
Enqabeni ezixhotyeni	Indawo efihlakeleyo. Indawo ezinamatye amakhulu endle.	Indawo enzulu engafikelelekiyo ngokulula. Ubunzima nobulukhuni bemeko ekhula phantsi kwayo le nyibiba
Ilwalwa	Lilitye elomeleleyo elisemlanjeni apho kuhamba amanzi phezu kwalo.	Indawo ekungelula ukuba kungakhula isityalo esibuhle buyincamisa mxhelo kuyo.
Njengetshawekazi	Inkosazana enobukhosi.	Ukucikizeka, inzwakazi
Zole cwaka	Ukuthula	Isidima nesithozela sobukhosi.
Ndebe	Isixhobo esibonakalisa/ esimele udumo.	Ibonakalisa ubumbalasane bale ntyatyambo.
Ikhephu	Yimo yezulu ebangwa liqondo eliphantsi kakhulu lengqele. Mhlophe qhwa.	Yayisulungekile, ingenasiphako nokubukeka.
Iyimfezeko	Igqibelele.	Sixelelwa ngobuhle obungakrokrisiyo.

Achokozwe busiliva.	Amachaphaza enziwe ngenjongo yokuhombisa.	Kuqaqanjiswe ubuhle benyibiba. Abonisa ukubengezela nobucwebe-cwebe.
Aphuphuma	Ukugcwala ngokugqithisileyo.	Inobomi obugqibeleleyo.
Ayekratsha	Kukuzidla.	Ibonakalisa ukuqhayisa ngobuhle bayo.
Luyanqula	Ukukhonza/ ukugoba phantsi komntu/ into	Indalo yanga iyayibusa le ntyatyambo.
Yathokoza	Ukuvuya.	Ukuvuseleleka kweemvakalelo zolonwabo ngenxa yochulumanco.
Zindityel'	zindixelela	limvakalelo ezimqhubele ekubeni abe nemibono, eve nezinto ezimsebezela yedwa.
Bulubisi	Ubumhlophe bobunyulu.	Ulwaneliseko ngokwasemphefumleni.
Ndithabathekile	Ukuthimbeka	Ukuwexuleka kwengqondo nokuthi swii bubuhle bale nyibiba.

1.3 ITHINI IMBONGI KULO MBONGO? / ISISHWANKATHELO.

- Imbongi ivakalisa imincili yayo ngenxa yobuhle benyibiba. Ithi inike ubomi kwezinye izityalo, mve uJolobe xa esithi amagqabi ayo, “Aphuphuma kukuphila”

1.4 ITHINI IMBONGI KWISITANZA NGASINYE.

Isitanza	Umongo /ingcamango ephambili yesitanza
Isitanza 1 Kwimiqolo 1-5	Imbongi isichazela ngendawo ethi ifumaneke kuyo inyibiba

Isitanza 2 Kwimiqolo 6-10	uJolobe uchaza ngokuvelela kwenyibiba kwezinye izityalo ngokude kube ngathi ziyaqubuda / ziyayinqula
Isitanza 3 Kwimiqolo 11-15	Uchaza imo yayo, ngesithomo nobunyulu bayo. Uvuma ubuhle nobunyulu obugqibeleleyo/ obungakrokrisiyo. Uthi yayifezeke yaphetha iyimfezeke ngokwayo.
Isitanza 4 Kwimiqolo 15-20	Imbongi isinika inkangeleko yale ntyatyambo. Uthi amagqabi ayo anika ubomi, “aphuphuma kukuphila”.
Isitanza 5 Kwimiqolo 21-35	Imbongi isivezela ubuhle bale ntyatyambo de iyifanise nenzwakazi. Ikwadandalazisa novuyo/uchulumanco enalo ngale ntyatyambo. Indalo ngokwayo yanga iyayinqula le ntyatyambo. Umbhali wade waxhwileka umxhelo bubuhle bale ntyatyambo ngokokude ayibonge.
Isitanza 6 Kwimiqolo 36-40	UJolobe uthimbekile bubuhle bale ntyatyambo ade ayikhahlele, eqaqambisa ubuhle bayo obutshatshelayo ngokuthi asebenzise izibizi.

1.5 INTSINGISELO ENGUNDOQO/YENTSUSA: -

- Ubuhle bentyantyambo

1.6 IMFUNDISO:

- Masibe neliso elibukhali lothando kwindalo
- Into enexabiso uyakwazi ukuyifumana ekungcoleni.
- Idayimane iyafumaneka eluthulini

1.7 UMOYA/ITHONI:

- [Ithoni ke yindlela apho imbongi evelisa ngayo imbilini yayo.]
- Ibonisa ukuchwayita/uvuyo kulo mbongo.
- Ithoni ke ingajika-jika okanye yahluke ngokomqolo/isitanza.
- Imbongi isenokusebenzisa ugxalathelwano lwezithethantonye, eziphuhlisa ubuhle bale ntyatyambo njl njl.
- Kulo mbongo imbongi yonwabile, ichwayitile bubuhle bendalo ebubonayo.

1.8 IMIFANEKISO NGQONDWENI:

Qwalasela ukuba yiyiphi imizwa (senses) evuselelwa/echukunyiswa ngamagama/amabinzana achongiweyo. Umz:

- ❖ **Weliso/wokubona**-ngathi siyibona gca ngeliso lengqondo
- ❖ **Wendlebe/wokuva**-ngathi siyiva inkenteza ezindlebeni
- ❖ **Wesikhumba/wokuphatha**-sive ngathi iyasihlaba iyasirheca apha esikhumbeni
- ❖ **Wencasa/wokunambitha**-sive ngathi sinambitha incasa/krakra
- ❖ **Wempumlo/wevumba**-ube ngathi engqondweni kukho vumba lithile likunukelayo
- ❖ **Weliso** – “Loo magqabi asixwexwe achokozwe busiliva” ibonisa isakhiwo sale ntyantambo – busiliva- ifaniswa nesiliva ukuqambisa ubuhle bayo.
- ❖ **Weliso** – “ntloko yayo imhlophe mthubi” – uqambisa ubuhle

1.9 ISAKHIWO SANGAPHAKATHI: Ukutolikwa komqolo/isitanza

- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo isitanza ngesitanza.
- Bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yomqolo/yesitanza yonke.
- Xa ukhonjwe kwisitanza, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kwisitanza.

1.10 ISAKHIWO SANGAPHANDLE

- ✓ Unezitanza ezisibhozo.
- ✓ Isitanza ngasinye sinemiqolo emihlanu.
- ✓ Isitanza sokuqala umqolo wesi-5 unamagama ama-3.
- ✓ Isitanza sesibini umqolo wesi-4 unamagama ama-4 ukuze owesi-5 umqolo unegama eli-1.
- ✓ Isitanza sesithathu umqolo woku-1 unamagama ama-4 ukuze umqolo wesi-5 ube namagama ama-2.
- ✓ Isitanza sesi-4 umqolo woku-1 nowesi-5 amagama ma-3
- ✓ Isitanza sesi-5 umqolo wesi-3 nowesi- 4 amagama ma-3.
- ✓ Isitanza sesi-6 umqolo woku-1 nowesi-5 amagama ma-3 ukuze owesi-2,3 nowe-4 ibe namagama ama-2.

- ✓ Isitanza sesi-7 umqolo woku-1 nowesi-5 unagama ama-2, ukuze umqolo wesi-2 ukuya kowesi-4 agama abe ma-3.
- ✓ Isitanza sesi-8, imiqolo yoku-1, 3, 5 inagama ama-3 ukuze owesi-2 nowesi-4 abe mabini agama.

2. ITHEMBA: S. E. K. MQHAYI

2.1 UDIDI LOMBONGO:

- Lo ngumbongo nkcazo kuba imbongi ichaza ngomba otsala umdla eluntwini, “ithemba”.

YINTONI ITHEMBA?

- Ithemba yimvakalelo ekusa empumelelweni, ikugcine uphila. Ngumoya okhula ngaphakathi emntwini ukomeleze ukuba yonke into oyenzayo iza kuphumelela

INTSINGISELO YESIHLOKO: Akukho nto sinokuyenza emhlabeni ngaphandle kwethemba. Ithemba likugcina uphilile.

2.2 INTSINGISELO YAMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo eqhelekileyo
Sizuzeni	Sifumaneni
Intsusa	unobangela
Uwufise	Uwubulale
Udiniweyo, Ityhafileyo udakumbileyo	Ukuphelelwa ngamandla Umoya uphantsi (Ezi zithethantonye zisetyenziswe ngenjongo yokuqaqambisa umbono womntu ongenathemba)

2.3. ITHINI IMBONGI KWISITANZA NGASINYE

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1:	Kwisitanza sokuqala imbongi ifuna ukwazi ukuba ingaba ikhona na into abantu abanokuyenza xa bengenalo ithemba
Kwisitanza 2:	Kwisitanza sesibini ibonisa ukuba kunzima nokwenza imisebenzi yasekhaya efana nokulima xa abantu bengenalo ithemba
Kwisitanza 3-4:	Imbongi iphuhlisa amanqanaba ahanjwa ngumntu osele ephelelwe lithemba
Kwisitanza 5	Iimpawu zomntu ophelelwe lithemba: Udiniwe, utyhafile, udakumbile, ufile.”
Kwisitanza 6	Imbongi isibonisa ukubaluleka kokuvuselelwa kwethemba.
Kwisitanza 7	Ukubaluleka nokondela kwethemba

2.4. INTSINGISELO ENGUNDOQO/YENTSUSA:

- Kukuhlala unethemba **lokuphumelela** kuyo yonke into oyenzayo

2.5. IMFUNDISO

- Ithemba liyaphilisa.
- Nangona kukho iimeko zobomi ezilitshabalalisayo ithemba, kodwa kubalulekile ukuba sihlale ethembeni kwaye livuseleleke.

2.6. UMOYA/ITHONI

- Inomoya odakumbileyo, ikhathazekile ngabantu abalahla ithemba.

2.7 ISAKHIWO SANGAPHAKATHI

- Umqolo 1&2 – imvano siqalo – yenza isingqisho
- Umbuzo buciko uphuhlisa ukubaluleka kwethemba
- Kumqolo we 5-7 imvano siqalo –ebonisa ukuba xa ithemba lingekho asinakuzenzela nto
- Kumqolo 9-11 –imvano siqalo ephuhlisa ukuba asinekwenza nto, akunakubakho nkqubela phambili ndaweni yoko ubomi bungema ngxi xa ithemba lingekho
- Umbuzo buciko kwisitanza se-3 esiphuhli intandabuzo yokondla nokuqeqesha abantwana xa singenalo ithemba
- Umbuzo buciko kwisitanza-5 usitsalela ekubeni sibone ukuba asinakho ukubonana noThixo ekugqibeleni xa singenalo ithemba.
- Isitanza sokugqibela – uchasano- luphuhlisa ukuba ithemba libalulekile emhlabeni nasezulwini.
- Ugqithiso kumqolo wama -30 siphuhlisa ukuba xa ungenathemba ufana nomntu ofileyo
- Imbongi ibonakalisa umoya wokholo – iyacela kuThixo asiphe ithemba ukuze siqwazi ukuzenzela.

3. UKWENZIWA KOMKHONZI: J.J.R. JOLOBE

3.1. UDIDI LOMBONGO

- Ngumbongo wopolitiko/ wonkwintsho kuba xa ucazulula isigama esisetyenziswe yimbongi ufumanisa ukuba sisigama esinamandla kakhulu ukuba singaphuhlisa ukwenziwa komkhonzi wecawa (ikholwa). Kanti xa kuphuhliswa impatho-gadalala yabantsundu ngabamhlophe esi sigama singena ngokuchanekileyo.
- **Isihloko sombongo:**UKWENZIWA KOMKHONZI, injongo yaso kukufihla ukugxijwa/ukugxekwa kombuso wocalucalulo owawulawula ngelo xesha. Ngenxa yeemeko kwakungavumelekanga ukuthetha phandle ngezombuso. Izinto zazifihlwa kube ngathi kubhekiswa kwinkolo yobuKrestu. Nkolo leyo yayize kwanabamhlophe

3.2 AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo -ngcalo	Intsingiselo ngokombongo
ukukhanywa yintambo	ukukrwitshwa ngentambo	Impatheko-mbi yengcinezelo
Inkabi yomqokozo	Inkomo ebotshwayo	Lo mntu uqeqeshwayo (umntu omnyama)
Ndagqala	Ndajongisisa/ndaqaphela/ndajonga ngenyameko	Ukubona ububi bemithetho yalo mbuso.
Yabigudile intle, izingca ngobunkomo	Yayityebile izidla ngobuhle bayo	Wayezidla ngobuni bakhe nokungaxhomekeki mntwini kwakhe.
Ukuthamba/ukuqobozeke	Ukululamela loo nto	
Yangqingwa, yabiyelwa	Ukuvalelwa	
Irhintyelwe ngentambo	Ukufakwa kwentambo enkomeni ungasondelanga	Ukubotshelelwa kwabaNtsundu ngemithetho yengcinezelo.
Ukulelezwa	ukucengwa	Ukunikwa amalungelo angephi.
Ubekiwe loo mqobo	Zibekiwe izithintelo	Kwakubekwe imithetho enqandayo.
Umkhondo	Umzila	Imithetho ekufuneka bayilande
Ukusadalala	Ukoyisakala	Ukunikezela
Igweba nangophondo	Ukuhlaba	Ukuphatha izixhobo zokuzilwela

Ukukhumezela	Umkhwitsho wemvula	Ububi obuzayo/ impalalo gazi/ intshabalalo
Ibuzisa ikhaya umzi wenkululeko	Indawo umntu ahlala kuyo	uMzantsi Afrika phambi kwengcinezelo.
Bhuxe	Isifanekisozwi - ukungagungqi	Ukuxhathisa efunga engajiki kulo mlo.
Qobozeka/ukuthamba	Ukuphelelwa ngamandla	Ukuthobela umbuso
Umbaxa- mbini wekhuba	Ikhuba elinamacala amabini	Imithetho yengcinezelo nendlela yokuzikhulula kuyo.
Iminqantsa	Amaqina	Ubunzima ababesebenza phantsi kwabo.
Ukujaceka	Ukukhathazeka kakhulu	Intlungu yokuphelelwa lithemba

3.3 ITHINI IMBONGI KWISITANZA NGASINYE:

Kwisitanza 1	imbongi isivisa ukuba iyayazi le nto ithetha ngayo kuba ithi iyibonile/ ibiyibukele isenzeka. Ibubonile ubunzima nokuphathwa gadalala komntu xa esolulekwa/eqeqeshwa.
Kwisitanza 2	Imbongi isivezela ubuhle/ ukukwazi ukuzimela/ kwalo mntu ithetha ngaye, kwaze kwafika umntu ozenze ngathi uza noncedo lokumphilisa ngcono kunoku, umqolo wesi-3.
Kwisitanza 3	Uthe akuzibona ukuba ungene engxakini yokuhluthwa amalungelo akhe wafuna ukuzikhulula kodwa akakwazi kuba sele ebiyelwe ngamaqhinga nezinto ezingathi zintle zibe zifihle ububi. (umzekelo imfundo nokholo)
Kwisitanza 4	Uthe akuzama ukuzibonakalisa, yacunyuzwa loo ntantsi ngokuphathwa gadalala ngakumbi (wangxoliswa, wakhatywa), maxa wambi bebecengwa(kwaphathwa kulelezwa.) Injongo yona ikukuba makathambe amkele ukulawulwa.
Kwisitanza 5	Ibekiwe imithetho yocalucalulo ukuze abamnyama bayilandele, nangona eminye yayo inyathela/ inyhasha ngakumbi amalungelo wabantu abaNtsundu. Babe benganakujika nto kunyanzelekile ukuba bamkele intando yabaphathi.

Kwisitanza 6	AbaNtsundu bathe besilwa nale mithetho/ bejubalaza bengafuni ukwamkela, bagrogriswa ngamapolisa, ebabetha. Babebaxhaphaza kuba babebaqala ngokubavalela batsho babafumane bezisisulu zabo.
Kwisitanza 7	Abanye babangenza imizamo, bezama ukuzikhulula bayohlwaywa, ngamanye amaxesha suka bajikelane kwabodwa begazilinye (abaNtsundu bebodwa
Kwisitanza 8	Ukuzingca nokuzidla kwabantu abamnyama kuyaphela ngokuphela konganyelwa yimpatheko-mbi nentshabalalo. Emehlweni embongi kubonakala impalalo gazi ezayo.
Kwisitanza 9	Uye waxhathisa efunga engajiki kumlo wakhe wokulwela amalungelo akhe, wabe nomcinezeli engabuyi mva. Ngenxa yoko kuxhathisa iziphathamandla ziye zanyenyisa ngokunikezela amalungelo angephi (oomaziphathe kwiindawo ezithile ezifana nooTranskei), kodwa bekhululeke benjalo babelawulwa yimithetho kandlunkulu yengcinezelo.
Kwisitanza 10	Uphele amandla /unikezele / unyamezele ngenxa yokoyiswa ziimeko, nangona ebona ukuba le ngcinezelo imhleli emagxeni ikukufa kuye, abe enakho ukuziphilisa ngokuzikhulula kule ngcinezelo.
Kwisitanza 11	Imbongi isivezela ubunzima bendlela abayihambileyo abaNtsundu, besebenza nzima besebenzela abamhlophe. Bebila besoma kodwa bengasebenzeli bona besebenzela abamhlophe. Iziphumo zemisebenzi yabo zazixhanyulwa ngabanye hayi bona basebenzayo.
Kwisitanza 12	Umbhali usivezela ukusizeleka kwalo mntu, encamile/enikezele/ kungekho nto anokuyenza kuba ngoku sele eyimvoco uthambele le mpatheko-mbi yalo mbuso. Ithemba lakhe linye kukuba ngeny'imini uya kukhululeka

3.4 INTSINGISELO EFIHLAKELEYO:

- Imbongi ichaza indlela enzima ehanjwe ngabantu abantsundu ukulwa nemithetho yengcinezelo becalulwa ngabamhlophe kwilizwe labo. Oko ikukwekwa ngokusebenzisa umzekelo wokuqalwa kwenkatyana, oko kukuthi ukuqeqeshelwa idyokhwe.

3.5 IMFUNDISO

- Impumelelo isentabeni/ ukulwa umbuso asindlwana iyanetha/ ekunyamezeleni ukhona umvuzo/ ubunzima bendlela eya enkululekweni/ abamhlophe babesebenzisa iindlela ezibuhlungu ukwenza abamnyama amakhoboka abo.
- Imbongi ikhuthaza ukuba ungayekeli ngenxa yemiqobo, funga ungajiki.

3.6 UMOYA /ITHONI

- Inxunguphele/ ibindekile/ idandathekile/ ayonwabanga yile mpatheko-mbi iyibukeleyo.

3.7 IMIFANEKISO NGQONDWENI:

- ❖ **Oweliso** :Ukukhanywa yintambo nedyokhwe / irhintyelwa ngentambo/ yangqingwa yabiyelwa ngobulumko namava/ - ibonakalisa izinto/ indlela eyayisenziwa ngayo impatheko-mbi.
Ibe ngakhabalaza/ ibe ngasadalala/ igweba ngophondo/ inyuka umnqantsa/ - ibonakalisa indlela awayezama ngazo ukuzisindisa.
- ❖ **Owesikhumba**: Yabigudile izalelwe inkululo – ubuhle.
- ❖ **Owendlebe**: Yatsho esikrakra isililo ibhonga – ukubonakalisa ukuncama nokunikezela.

3.8 ISAKHIWO SANGAPHAKATHI:

Isafobe	Ukusichonga	Siphuhlisa ntoni
Isikweko	Ukukhanywa yintambo yedyokhwe	Impatheko-mbi yorhulumente wengcinezelo.
Isikweko	Kwinkabi yomqokozo	Umntu oqeqeshwayo/ umntu omnyama
Isikweko	Yabigudile intle, izingca ngobunkomo	Wayezidla ngobuni bakhe nokungaxhoemekeki mntwini kwakhe.

Uchasaniso	Isizathu esihle singafihla ububi	Babebaqhatha ngokungathi babenzela izinto ezintle (imfundo nokholo) babe befihle kuzo okubi.
Isikweko	Kuthethwa ngezinja	Kuxelwa amapolisa amaBhulu

3.9 ISAKHIWO SANGAPHANDLE:

- ✓ Ubude bombongo buzalana/ bunxulumana nendlela ende ehanjiweyo ukumiliselwa kwemithetho yengcinezelo kwabantsundu (ukuthotyozwa/ ukululekwa/ ukuqalwa kwale nkatyana kuthathe imizamo emininzi.)
- ✓ Izitanza zilishumi elinambini, zonke zinemiqolo emithandathu, oko kukuthi lo mbongo unemiqolo engama-72.
- ✓ Zonke izitanza zivalwa ngophindaphindo lwemiqolo efanayo. Imbongi ivuselela umoya wentandabuzo wokuba yinkatyana yenkomo nyhani le athetha ngayo – kutsho kuphuhle le ngcinga yokuba ngumntu omnyama lo kuthethwa ngaye

4. INGOMA KAVELAPHI: J.J.R. JOLOBE

4.1. UDIDI LOMBONGO:

- Yilirikhi/umhobe bungoma kuba ubhalwe ngokwembono zomntu wokuqala

4.2. AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo engundoqo	Efihlakeleyo
Elimpangalala	Ilizwe eligabalala/elikhulu	Lizulu
ingqina	Ukuhamba/ukuphuma ningabantu abaliqela ninenjongo	
ixhama	sisilwanyana	Bobabini baphum'ingqina belanda ekhondweni elinguYesu Krestu.

4.3. ITHINI IMBONGI KWISITANZA NGASINYE:

Kwisitanza 1	Umbhali usekhukweni lokufa uyavuma kuba uyayibona indlela aza kuhamba ngayo, uyavuma ukuba ukufa kumongamele, kuhamba ngesantya esiphezulu
Kwisitanza 2	Uzibona sele esukile emhlabeni ekwilizwe lemimoya. Akukho miqobo nazithintelo ezinokubahlukanisa eluthandweni lwabo. ulandele ekhondweni lexhama elinguYesu Krestu
Kwisitanza 3	Uzibona sele'sengcwabeni apho kungekho kukhanya kodwa noxa kunjalo uva ebizwa sisithandwa sakhe. Bangabhubha kodwa ngokomoya bayinto enye
Kwisitanza 4	Imbongi icenga isithandwa sayo ukuba singamkhaleli, iveza ukukhululeka, iqinisekile ukuba uthando lwakhe lolwakhe kuphela.
Kwisitanza 5	Indlela sele ilungisiwe unkosikazi makamamkele ngezandla ezishushu ukuze ulonwabo lwabo lufezekiswe.

4.4. INTSINGISELO ENGUNDOQO/EYENTSUSA:

- Luthando – uthando lwenene olungahlulwa nakukufa.

4.5 UMOYA/ ITHONI:

- Imbongi yonwabile. Ichulumancele ukudibana/ukuhlangana nenkosikazi yayo kwilizwe elizayo.

4.6 IMFUNDISO:

- Ngapha kokufa kukhona ukuphila. Yeyokuba umntu xa egula kakhulu uyazinikela ekufeni avume ukuba kwanele ngoku uThixo makamthabathele kuye. Nangaphaya kokufa lukhona uthando

4.7 IMIFANEKISO NGQONDWENI:

- ❖ **Oweliso :** Iqegu lomlilo uphuhlisa into eza ngokungxama ibonisa ubungozi.
- ❖ **Owendlebe:** Ndiluva ubizo kwilizwe lobawo” uphuhlisa ukuba ukufa kuyeza.
- ❖ **Oweliso :** Amendu, aphuhlisa ukuhamba kwento ngesantya esiphezulu

4.8 ISAKHIWO SANGAPHAKATHI:

Isafobe	Ukusichonga	Siphuhlisa ntoni
Ubaxo/ugqithiso/ubabazo	Iqegu lomlilo	Into eza ngokungxama ibonisa ubungozi, eza ingezi nobuhle.
Uphinda-phindo	Ndiyeza ndiyeza	Wakha isingqisho kwaye uyagxininisa
Uphinda phindo	Kwilizwe lobawo Kwilizwe lobawo	Wakha isingqisho
Ubaxo/Ubabazo	Ihlab'intliziyo	Ukukhathazeka/ukungonwabi

4.9 ISAKHIWO SANGAPHANDLE:

- ✓ Izitanza zi-5
- ✓ Imiqolo iyalingana inezivakalisi ezi-5 kwisitanza ngasinye

5. IIMBONGI: Z.S QANGULE

5.1 UDIDI LOMBONGO.

- **Yisonethi** (yaMangesi/Kashakespeare) kuba inekwathreni ezintathu kunye nekhaphuleti (eyimiqolo emibini yokugqibela)

5.2 AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo yentsusa	Efihlakeleyo
ukubhonga	Ukukhala kakhulu uzingisile kuba ufuna ukuhoywa	Ukukhwaza/ ukungxola
ukubhanga	Ukuphelela emoyeni kungekho sizathu	
Ukubhedgesha	Ukunqula/ukuthandaza/ukudumisa	Ukukhonza into ethile ngokugqithisileyo.
Ingxubevange	Ukudibanisa izinto ezininzi ngaxeshanye	
Ukugxagxaza	Ukuphuma kwezimvo ngokukhawuleza nokulandelelana ngaxeshanye.	
Ukutola	Ukuchan' ucwethe/ ukuhlal'emhloleni	

5.3 INTSINGISELO YESITANZA NGASINYE

Kwikhwatreni 1	Uyazincoma, uyazityibela iimbongi
Kwikhwatreni 2	Uveza amava negalelo leembongi
Kwikhwatreni 3	Imbongi izama ukwakha abantu, sithi nokuba isizwe silahleka izame ukusibuyisela endleleni
Kwikhaphulethi	Uyabavuma njengeenkuba-buchopho, ompondo zihlanjiwe izisele zenyathi.

5.4 INTSINGISELO ENGUNDOQO/YENTSUSA:

- Ukubaluleka kweembongi kwintlalo yoluntu jikelele

5.5 IMFUNDISO:

- Ukuxabiseka/ukubaluleka nemisebenzi yeembongi kuluntu ngokubanzi.

5.6 UMOYA/ITHONI:

- Ichulumancile/iyavuya ivuyela imisebenzi emihle eyenziwa ziimbongi

5.7 IMIFANEKISO NGQONDWENI:

- ❖ Owendlebe – (kumqolo wo-1) uphuhlisa indlela ezithetha ngayo iimbongi.
- ❖ Owendlebe – (kumqolo we-4) uphuhlisa ukuthetha nje okubonisa ukungabinambeko usebenzisa amagama arhabaxa/anganambithekiyo komameleyo
- ❖ Owendlebe- (Umqolo we-5) uphuhlisa ukuthetha nomntu ungabonisi ntlonipho.
- ❖ Oweliso- (umqololo we-11) uphuhlisa ukuza kweengciinga zithontelelana/zilandelelana, bathetha into eninzi ngaxeshanye.

5.8 ISAKHIWO SANGAPHAKATHI:

Isafobe	Ukusichonga	Siphuhlisa ntoni
Isikweko esisetyenziswe njengesibizi	Nkedama	Siphuhlisa abantu abangenabazali. Sisusela kumntwana ongenabazali osoloko elila ngenxa yokunganeliseki
Isikweko	Mithombo	Siphuhlisa ukuba iimbongi ezi noxa zisiqalo sobulumko nemvaba yolwazi zimbi zithi ziphelelwe (ngokubhanga
Isikweko	Nzala yamagqirha	Imbongi ithi isebenzise ufaniso ngomsebenzi othi wenziwe ziimbongi nowamagqirha umsebenzi wokuba nesiphiwo sokumazi umntu oyintlupho nokuba yena uyazifihla (Usebenza emfihlakalweni) Kulo mqolo imbongi ibonisa amandla ezinawo imbongi kuba zivumbulula iimfihlelo zitsho zaziwe luluntu
Isikweko	Luhlobo lwamanxila ngokuthuka	Iimbongi zithi zifaniswe namanxila ngokuthuka oku kuchaza ukuba zona zikhululekile ukusebenzisa ulwimi nakanjani azibi namiqathango izibophelelayo konke konke
Isikweko	Ziphoxo zenkundla ukubhoxa	Kuboniswa uburharha ezinabo nanjengoko zikwanabo nobuchule bokusebenzisa amagama senzo eso sifaniswa nomntu oye aphulukwe enkundleni kuba ekruquke kukubamba ucwangco

		abe enento emtshisayo mayela nengxoxo leyo iqhubekayo. Apha siboniswa ukuba imbongi ayinathuba litheni koko ivela idanduluke kwakufika into etshoyo igqabhuze imbilini yayo
Isikweko	Xholovane benkundla ukuxoxa	Ligama elibonisa amava/amakhwenkwe amadala anamava.
Isikweko	Zazi zembalo ukuprofitesha	Imbongi izinxulumanisa nezazi ngobukrelekrele ezinabo ekuqulatheni ulwazi oluphangaleleyo de zazi neemfihlelo ekungelula ukuzitolika
Isikweko	Makholwa endalo ukubhedgesha	limbongi zifaniswa namakholwa ukuphuhlisa ukunyaniseka kumsebenzi eziwenzayo
Isikweko	Manyange anyanga izizwe	Kunxulunyaniswa umsebenzi eziwenzayo wokuthetha inyaniso ethi ishiye izizwe siphilile ngenxa yokufumana ulwazi oluluncedoizinyanya
Isikweko	Bavuseleli abatyala ubuzwe	limbongi zivuselela ubuzwe kuba kuthi kwakubakho ukungevani okanye ukungaboni ngasonye kwizizwe zona zibonge zichaphazele undonakele zibonise eso sizwe siphume ecaleni. Ngolo hlobo zithi zivuselele ukuba izizwe zithandane zixabisane
Isikweko	Ziingxangxasi lingcamango zenu	Siphuhlisa ukuba izimvo zeembongi zininzi ziyaphuphuma, kwaye ziba luthotho okwamanzi engxangxasi
Isikweko	Yingxubevange	Izimvo zeembongi zininzi kwaye zixubile zahlukahlukene kwaye zinika ulwazi oluninzi ngokubonga kwazo
Imvano siphelo	Ndiphuma.... Ndivuma ...	limbongi zothulelwa umnqwazi ngomsebenzi wazo ochanekileyo wokubonga. Zingoompondo zihlanjiwe

5.9 ISAKHIWO SANGAPHANDLE:

- ✓ Ine khwatren ezintathu kunye nekhaphuleti.
- ✓ Ikhaphulethi inemvano siqalo nemvano siphelo.

6 UNOZAKUZAKU: S.E.K MQHAYI

6.1 UDIDI LOMBONGO

- Lo mbongo ngumbongo nkcazo/ngumbongo ochazayo kuba imbongi isichazela ngobunjani bukanozakuzaku, Umsebenzi wakhe, iimeko asebenza phantsi kwazo kunye newonga akulo

Injongo yembongi

- Kukucacisa umxhelo wayo malunga nemeko kaNozakuzaku-umsebenzi wakhe kwaNtu.
- Kukufundisa uluntu ngonozakuzaku, ubunjani bakhe, umsebenzi wakhe, indlela aziphatha ngayo indima ayidlalayo, iimeko asebenza phantsi kwazo nendima edlalwa nguNozakuzaku kunye newonga abakulo .

6.2 AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo eqhelekileyo	Intsingiselo enzulu
Encazwa	Ukucela icuba	Ukufunwa kweemfanelo ziindidi zabantu ngexesha ekuqhutywa umcimbi wokufilisha
Imazi	Isilwanyana esinesini sobukhomokazi	Izinwe zakhe
Esengekayo	Enako ukusengwa	Ezikhuphayo iimfanelo njengoko kulindelekile
Isaqhaga	Inkomo esokolisayo ukukhupha ubisi	Umntu obamba isandla xa enika abantu iimfanelo.
Yindlezana	Umntu onobubele	Unobubele/ umntu ophayo
Inyewe	umcimbi	Umba wobulawu
Idinyazw'ilungiswe	Ukuphungula amandla / ayilungise	ukutyhafisa abuye ayikhuthaze
Ngumnt'ontloni wasebulawini	Onesidima/ othobekilleyo wasebukhozini	Onesidima/ othobekilleyo Kufuneka ayihombele inyewe
Intomb'iyazimela unin'ambathe	Ukuzifihla nokugquma iindawo ezithile zomzimba	Ngumntu ohlonitshwayo
Ngumdibanisi wamakhaya amabini	Ukuhlanganisa amakhaya abengazani	Likhonkco kumakhaya endiselanayo.
Uswazi	Yibhotile yotywala ekhutshwa ukwakha ubuhlobo ethathwa ngokuba bekuqhutywa ngayo iinkomo.	

Isazi-mzi	Utywala obuza noonozakuzaku xa beze kuvula ingxoxo malunga nentombi eze kucelwa	
imilowo	Abantu abangamakhaya / abazizizalwane eziphambili abahlalela imicimbi yekhaya	
Isiqalo nesiphelo sendaba nguye		Kufuneka ekho lonke ixesha kulo mcimbi awalathelweyo

6.3 ITHINI IMBONGI KWISITANZA NGASINYE

Isitanza	Isitanza/ umba ophambili ngokwesitanza	Okuqulethwe sisitanza
Kwisitanza 1	izinto ezenziwa nguNozakuzaku	Izinwe zikaNozakuzaku nendlela anyanzeleke ngayo
Kwisitanza 2	Umsebenzi wakhe neempawu zakhe	Unentlonipho/ nesidima abe likhonkco kula makhaya
Kwisitanza 3	Izinto aziphathayo xa eya kucela nendlela amkeleka ngayo kumakhaya	linkomo,iibhotile-(uswazi, isazi-mzi)
Kwisitanza 4	Amava anawo uNozakuzaku	Uyindoda enamava ethembakeleyo
Kwisitanza 5	Ubunzima bendlela ayihambayo	
Kwisitanza 6	Ubudala namava omntu okhethelwa lo msebenzi	
Kwisitanza 7	Ukwamkeleka okuhamba nomphako namalungiselelo enziweyo alo mcimbi	Ukufika kwakhe kudala ubushushu kulo mzi
Kwisitanza 8	Indlela obuza ngayo ubushushu kweli khaya	Ubushushu obudalwa luswazi, isazimzi, iilekese
Kwisitanza 9	Isiphumo sondwendwelo lwakhe kulo mzi.	Abantu bonwabile ngabaye, macal'onke, icuba, iilekese, iibhotile,
Kwisitanza 10	Ubunzima bomsebenzi nokuphumla engqondweni akufumanayo kwakuphela utyelelo.	
Kwisitanza 11	Uloyiso/umvuzo wohambelo lwakhe	Ubexhelelwe , wanikw'imbeko, waphumelela kumsebenzi wakhe evuya engakholelwa
Kwisitanza 12	Ukwamkelwa kwakhe ekhaya	Uze kunika ingxelo kwikhaya ebelimthumile kodwa kuyaselwa kuyatyiwa izipho.

6.4 IZAFOBE EZIKHETHIWEYO

ISAFOBE/ isikrweqe	UDIDI LWASO	SIPHUHLISA NTONI
Encazwa ngabakhulu kwanabanci	Uchasaniso	Unozakuzaku ucelwa icuba ngumntu wonke
Imaz'esengekayo nok'isisaqhaga	Uchasaniso	Ungumntu ongavimbiyo njengoko kufuneka ebanikile abantu balo mzi iimfanelo zabo
Inyew'idinyazw'ilungiswe nguyey	Uchasaniso	Umcimbi awuhambeleyo woniwa ulungiswe kwanguye
Lo mfo akamntwana, akaxhego	Uchasaniso	Ubudala balo mntu liqina lomfo
Isiqalo ndawonye nesiphelo	Uchasaniso	Nguye umqali womcimbi wobulawu ikwanguye nekufuneka egqibezele ezi ngxoxo
Izicithi ziwubonile umtsi wakhe edlula	Isimntwiso	Iindlela ebekhawuleza ngayo apha endleleni
Qab'unoqolomb'efile nje	Isaci	Ukuhla kwezibilini (wonwabile kuba yonke le nto ebeyizele uyigqibile)
Xa libantu bahle	Isaci	Xa litshona ilanga
Wocela k'indlela	Isaci	Ukucela ukuba akhululwe
Kunge kumhla kwahluzwa	Isifaniso esithathelwe kwisaci	Kungathi kumhla izinto zemiswa ngendlela yazo
Mhla kwahluzwa	Isaci	Mhla izinto zemiswa ngendlela yazo
Asindlwani'yanetha	Isaci	Asinto ilula
Wongena ephuma	Uchasaniso	Kuthi kwakufunwa izinto amane ephuma phandle aye kulungisa ezi mfuno zaba bantu aphinde angene abanike abantu iimfuno zabo
Iinkomo ziphi, luphi lon'uswazi Waye'uwaze njani na wona lo mzi?	Umbuzo buciko	Imfuno zabantu bakulontombi

6.5 IMFUNDISO

Umbhali usifundisa ngokubaluleka kukanozakuzaku ngenxa yendima ayidlalayo yokumanya amakhaya amabini elakulontombi nelakulomfana

6.6 UMOYA WEMBONGI [indlela imbongi evelisa ngayo imbilini yayo]

- Iyavuya kuba unozakuzaku uwuqhube kakuhle umcimbi wobulawu wawuqoshelisa ngempumelelo kwaye ekufikeni kwakhe ekhaya komemelelwa

6.6 ISIGAMA ESIPHUHLISA UKUBA INDLELA YAKHE AYILULANGA:

- Uhewulwa ngabafazi, zimkhonkoth'izinja;
- linyawo zakhe ziluvil'uthuli lwendlela
- Nentloko yakhe ulophu...
- Izithuko zakhe ziviwe ngamathafa- ukhuphela umsindo kwezi nkomo
- Ubon'abafazi nabantwana bezixhwithela kuye

6.7 ISAKHIWO SANGAPHANDLE SOMBONGO

- ✓ Imiqolo mine kwisitanza ngasinye
- ✓ Amagama,-ayahluka kumqolo ngamnye
- ✓ Izitanga- zili-12
- ✓ Isingqisho sidalwe:
 - Ngenani lemiqolo –emine kwisitanza ngasinye
 - Ngoshiyo lwezikhamiso kumagama athile.
 - Ukusetyenziswa kwezigaba zentetho ezifanayo kwisakhiwo semiqolo yezitanga umz isitanga sesi-5

6.8 IMIFANEKISO NGQONDWENI

Oweliso/ owokubona:

- ❖ Selethwel'ufeke emagxeni" sibona unozakuzaku ethwele ufeke lwegusha
- ❖ Lo mfo akamntwana akaxhego sibona umntu oliqina lendoda
- ❖ Encazwa sibona uNozakuzaku ecelwa icuba
- ❖ Exhakazela ephethe iimfanelo zakulontombi umzekelo isazimzi uswazi
- ❖ Wayi, wayi sibona abantu befika ngokukhawuleza
- ❖ Wongena ephuma sibona unozakuzaku emana ephuma aphinde angene kuba kuthi kwakufunwa izinto amane ephuma phandle aye kulungisa ezi mfundo zaba bantu aphinde angene abanike abantu iimfuno zabo

Owokuva/ wendlebe:

- ❖ Bemhewula
- ❖ Zimkhonkoth'izinja

Owesikhumba

- ❖ Ehamb'ezimfikila
- ❖ Ezishushu nezibandayo
- ❖ Bezixhwithela

7. UMYOLELO WEXHEGO: C. NQAKULA

Umyolelo ngamazwi / umyalelo oye ushiywe ngumntu xa eza kulandulela eli, nangona kule mihla sele ibhalwa phantsi kwaye wenziwa nokuba umntu akakazulandulela eli

7.1. UDIDI LOMBONGO

Ngumbongo nkcazo kuba umbhali uchazela unyana wakhe indlela yokuziphatha ebomini njengoko yena yise eza kulandulela eli

7.2 AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo
Wambeswe	Wombathiswe
Ilixha	Ixesha
Qobo lwesi sizalo	Nyana wam ncakasana
Ngenyameko	Ngomonde
Ngephanyazo	Ngokukhawuleza
Unenkumbula yabazali	Abazali abaninzi
Maleke	Mambathise
Iphaphamile	Idlamkile
Ufinge iintshiyi	Uqumbile
Umkhonzi	Ikholwa
intsika	Ipali exhasa indlu(ngumntu othembekileyo ongagungqiyo kwisigqibo sakhe
Ifela olufelayo	Umntu okwaziyo ukukumela

7.3 ITHINI IMBONGI KWISITANZA NGASINYE

Kwisitanza -1	Imbongi ixelela unyana wayo ukuba iza kusweleka ke ngoko umshiya neentsikelelo
Kwisitanza -2	Imbongi icela unyana wayo ukuba makamamelisise
Kwisitanza -3	Ixelela unyana wayo ukuba makamamele ngenyameko ukuze athi akubhubha yena yise unyana ashiyeke ewazalisekisa amazwi akhe.
Kwisitanza -4	Kufuneka unyana asoloko ebamamela abantu ukuze bamamkele, ngokwenza ngolo hlobo uya kuzibona

	enabazali nokuba bona bazali bakhe ncakasana sele babhubha
Kwisitanza -5	Imbongi icebisa unyana wayo ukuba aze angabi nekratshi angazingci
Kwisitanza -6	Uyamxelela ukuba kufuneka abe nobuchule bokukhetha izihlobo azikhethhe ngenyameko ukuze zimbonise xa elahleka
Kwisitanza -7	Icebisa unyana wayo ukuba kufuneka azithobe abe yigusha, ukuba wenze ngolo hlobo uya kufumana iziqhamo, njengoko eya kwamkelwa ngabantu
Kwisitanza 8	Imyala ngamazwi athi aze ahlonele omdala nomncinci, amahlwempu awaphe izinto angenazo. Amkele bonke abantu, kodwa noxa kunjalo angabali
Kwisitanza -9	Iyamcebisa kwakhona ukuba kufuneka asoloko ekhululekile, ekrelekrele
Kwisitanza -10	Apha imbongi iyala unyana wayo ukuba aze angenzi izinto ezingalunganga, angakhohlakali, angabi nekratshi, kodwa abe likholwa lokwenene nethemba ebantwini
Kwisitanza -11	kwesi sitanza imbongi icela unyana wayo ukuba makenze isethembiso, amthembise ukuba akayi kuwulibala lo myolelo, kuba ukuba uthe wawulibala uya kuzifaka etyaleni elingenasiphelo. Ucela kwakhona unyana wakhe ukuba aze angamlibali uThixo wakhe omnike ubomi

7.4 INTSINGISELO ENGUNDOQO

- Imbongi yenza umyolelo kunyana wayo njengoko iza kusweleka. Ipha unyana wayo amazwi obulumko nendlela yokuziphatha nokuhlala nabantu. Ithi ezintweni zonke aze angayenzi impazamo yokulibala uThixo

7.5 IMFUNDISO:

- Sifundiswa ukuba sithobele amazwi abantu abadala, kwaye singaze simlibale uThixo kuba nguye osinika ubomi

7.6 UMOYA WEMBONGI:

- Imbongi ithetha ngethoni ephantsi njengoko iza kusithela, iyamcenga lo nyana wayo ngezinto ekumele angazenzi ngakumbi nangakumbi impazamo yokulibala uThixo

7.7. IMIFANEKISO NGQONDWENI

Oweliso

- ❖ Inkumbula yabazali uphuhlisa ukuba nabazali abaninzi
- ❖ Omkhulu nomncinci uphuhlisa ukuba ahlonele zonke iindidi zabantu angajongi budala
- ❖ Ufinge iintshiyi uphuhlisa ukuqumba

Owendlebe

- ❖ Ubethe imilozi ubonisa ukuva umntu obetha umlozi/ ukuba ngutsotsi

7.7 ISAKHIWO SANGAPHAKATHI

Isafobe	Udidi	Intsingiselo
Ndiyakushiya	Isihlonipho	Ndiza kufa
Phulaphula....phulaphula....	Uphindaphindo lwegama	makamamelisise
Akufuneki..... Akufuneki.....	Imvano siqalo	Imbongi igxininisa kwizinto ekufuneka angazenzi
Umntu omkhulu nomncinci naye mbeke	Uchasaniso	Uze uhloniphe bonke abantu ngokulinganayo
Z'ungemi..... Z'ungemi.....	Imvano siqalo	Angenzi izinto ezingalunganga
Ingcuka eqwengayo	Iqhalo	Inkohlakalo
	Imvano siphelo (efumaneka kuyo yonke imiqolo)	Idala isingqisho

7.8 ISAKHIWO SANGAPHANDLE:

- ✓ zitanza zilishumi elinanye
- ✓ Isitanza ngasinye sinemiqolo emine
- ✓ Amagama akalingani kwimiqolo

8. INTLIZIYO YAM: J.J.R JOLOBE

- Intliziyo lilungu lomzimba elimpompa igazi lithumele kwamanye amalungu omzimba.
- Iyeyona ndawo equlathe iingcinga zomntu ezintle nezimbi.

8.1. UHLOBO LOMBONGO

- Yisonethi kuba inemiqolo elishumi elinesine.
- Imiqolo yokuqala esibhozo yiOkthevu kanti
- emithandathu yiSesthethi, kule emithandathu emibini yokugqibela yikhaphlethi.

8.2 AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo
Ukutyhila	Kuveza/ ukubonisa
Iyandityhola	Kukubekwa ityala ungalezanga (iyandilahlekisa)
Ukusindisa	Ukuhlangula
Umthwalo	Uxanduva
Umkhonto	Isixhobo sokuhlaba imfuyo umzekelo inkomo
Walubengu	Ukulolwa kakhulu ube bakhali
Ukubinza	Kukuhlaba kakhulu kabuhlungu
Ukuzanyazanyiswa	Kukuxikixwa ziinzingo
Ukudutywa	Ukukhathazwa zizilingo
Izilingo	Iinzingo, izidubedube,iinkathazo,iingxaki
Ngongcwalazi	Ngorhatya,ngokuhlwa
Ngesifingo	Ebusuku kakhulu xa kuza kusa
Kwezingendawo	Ezingalunganga
Imkhonza	Imlawula ukubusa

8.3 INTSINGISELO YESITANZA NGASINYE

Kwisitanza 1	Imbongi isivezela ukuba intliziyo ibonisa izinto ezininzi: ezintle nezimbi. Iyamlahelekisa ngamanye
---------------------	---

	amaxesha, ukanti ngamanye amaxesha imbonisa izinto ezakhayo
Kwisitanza 2	Intliziyo ineengcinga ezakhayo nezilahlekisayo
Kwisitanza 3	(kwikhaphulethi) intliziyo iyingxaki efunekayo

8.4 INTSINGISELO ENGUNDOQO

- Imbongi ithetha ngentliziyo elilungu lomzimba enecala elihle nelibi

8.5. IMFUNDISO:

- Imbongi ifundisa ukuba ebomini kufanele silindele okuhle nokubi kuba akusoloko kumnandi

8.6. UMOYA WEMBONGI

- Ikhathezekile/ inxunguphele kuba ayinasisombululo ixakene nentliziyo yayo.

8.7. IMIFANEKISO NGQONDWENI:

Oweliso

- ❖ Hayi madoda unzima. Iphuhlisa umntu ontsintsitheka ngumthwalo.
- ❖ Umkhonto ololwe walubengu. ubona umkhonto ololwe wabukhali

Owesikhumba

- Udale amanxeba afana nawale ntliziyo uphuhlisa iingqaqambo zamanxeba

8.8. ISAKHIWO SANGAPHAKATHI

Isafobe	Udidi	Intsingiselo
Indityhilela	Isimntwiso	indibonisa
Iyandityhola	Isimntwiso	Ukulukuhla
Hayi Madoda! Unzima lo mthwalo!	Isikhuzo	Uxakene nentliziyo
Intliziyo yam... Intliziyo yam...	Uphindaphindo Iwebinzana/ imvano siqalo	Amacala amabini wale ntliziyo iyakwazi ukukunceda kanti iyakwazi nokukulahlekisa(elihle nelibi)

Mandiyithini ke le ntliziyo xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?	Umbuzo buciko	Le ntliziyo iyingxaki efunekayo
---	---------------	---------------------------------

8.9. ISAKHIWO SANGAPHANDLE:

- ✓ Lo mbongo wenziwe zizitanza ezithathu.
- ✓ Isitanza soku-1 senemiqolo esi-8.
- ✓ Esisibini sinemiqolo emine, esesithathu sinemiqolo emibini

9. UMLAMBO: J.J.R. JOLOBE

- Umlambo ngumjelo wamanzi asuka ezintabeni ahambe aye kunqumla iindawo ngeendawo uye kuphelela elwandle.
- Umlambo uneendawo ezinobunzulu nezingamanye.

9.1. UDIDI LOMBONGO

- Ngumbongo-nkcazo kuba imbongi isichazela ngomlambo, indlela owenzeka ngayo kunye nemisebenzi yomlambo

9.2. AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo
Umntwanana	Ubuncinane njengoko kukho ulwandle olukhulu
Ezimakhwezi khwezi	Ezigqamileyo/ eziqaqambileyo
Ukondela	Ukuqwalasela
Ndavatha	Ndanxiba
Ezizezozilo	Ezimnyama (amafu afingizayo amnyama)
Inzonzobila	Enzulwini
Ukuhlambuluka	Ukucoceka
Imimandla	Iindawo/ iingingqi
Gqathu	Ngokugqibeleleyo
Kuncipha	Ukuya esiphelweni
Ukuphambukela	Ukuthi cebu kwindlela yakho
Ebulolo	Ukuhamba wedwa
Mgama	Kude
Umsili	Umntu osilayo/ ogubayo

Ndifinyeze	Ukunyusela phezulu /Ukwenza mfutshane
Ukucamngca	Ukucinga nzulu
Ubunzwana	Ukubukeka/ ubuhle
Umxhelo	Uvakalelo lomphefumlo
lingxangxasi	Amanzi asuka phezulu emaweni
Ukugigitheka	Intsini engapheliyo elawulwa luvakalelo (isandi sokubetheka kwamanzi emaweni)
Kwisithabakazi	Ulwandle

9.3 . INTSINGISELO YESITANZA NGASINYE:

Kwisitanza 1	Sichazelwa ngemvelaphi yomlambo, ukuba umlambo usuka esibhakabhakeni
Kwisitanza 2	Sixelelwa indlela othe weza ngayo lo mlambo emhlabeni
Kwisitanza 3	Izinto othe wadibana nazo apha emhlabeni (Umz: udaka, uthuli)
Kwisitanza 4	Indawo othe waya kufikelela kuyo umlambo emva kokuba imvula ithe yawela emhlabeni.
Kwisitanza 5	Imisebenzi yomlambo
Kwisitanza 6	Ukungadinwa komlambo ngenxa yokwenza imisebenzi ethile
Kwitanza 7	Iindawo apho uthi uphambukele khona umlambo xa ukolu hambo lwawo
Kwisitanza -8	Izinto ezenziwa ngumlambo apha endleleni
Kwisitanza 9	Ubunzima othi udibane nabo umlambo
Kwisitanza 10	Indawo ofikelela kuyo umlambo njengeminye imilambo
Kwisitanza 11	Indawo ophindela kuyo umlambo emva kolu hambo lwawo

9.4. INTSINGISELO ENGUNDOQO:

- Imbongi isichazela ngomlambo kunye nemisebenzi yomlambo

9.5. IMFUNDISO

- Masiyithande indalo.
- Imbongi isifundisa ngemisebenzi emihle eyenziwa ngumlambo

9.6. UMOYA WEMBONGI

- Imbongi yonwabile njengoko ichaphazela noncedo lomlambo kwindalo nakuluntu jikelele

9.7. IMIFANEKISO NGQONDWENI

Oweliso:

- ❖ Mna ndingumntwanana uphuhlisa Umlambo umncinane xa uthelekiswa nolwandle
- ❖ Ikhaya lam likwela zulu **liluhlaza** ubonisa umbala wesibhakabhaka
- ❖ Ndinxibe ezimakhwezikhwezi uphuhlisa ukufingiza kwamafu
- ❖ Ezimhlophe qhwa ubonisa amafu amhlophe acocekileyo
- ❖ Ndondel'ezantsi uphuhlisa ukuqwalasela
- ❖ lingubo ezizezozilo uphuhlisa amafu amnyama
- ❖ Ndimenyezela njengombethe qhwa uphuhlisa umbala nokucocela kwemvula
- ❖ Sebesela uphuhlisa uncedo olunikwa ngumlambo ebantwini
- ❖ Sezincumancuma uphuhlisa ubuhle bezityalo kuba zisempilweni
- ❖ Ndityhale uphuhlisa ukududula

Owendlebe

- ❖ Ndihleke ndigigitheke uphuhlisa isandi esinziwa ngamanzi xa ebetheka ematyeni

9.8. ISAKHIWO SANGAPHAKATHI

Isafobe	Udidi	Siphuhlisa ntoni
Mna, Ndingumntwanana,	Isimntwiso	Ukuzidelela/Imvelaphi yomlambo

Ndinxib'ezimakhwezikhwezi	Isimntwiso	Amafu athi enzeke xa imvula iza kuna
(Qhwa: isigaba sentetho)	Isifanekiso zwi	Ukuqaqamba
Ndavatha iingubo ezizezozilo	Isimntwiso	Ukufingiza kwamafu amanyama / Ukusibekela
Ndacanda	Isimntwiso	Ukunqumla
Njengombethe	Isifaniso	Umbala wemvula omenyezelayo njengombethe
Njengodaka	isifaniso	Ukungcola/ ububi
Sendimhle, ndimhlophe, ndihlambulukile	imvanozandi	Ukucoceka kwala manzi omlambo
(Gqathu isigaba sentetho	Isifanekiso zwo	Ukucoceka ngokugqibeleleyo
Sezincumancuma	isimntwiso	Ubuhle bezityalo zisempilweni
Ndifinyezingubo	Isimntwiso	Ukonyusa kancinci iimpahla uzilungiselela ukusebenza
Ndityhale	Isimntwiso	ukududula
Njengendoda	Isifaniso	Ukusebenza nzima
Ndihleke ndigigitheke	Isimntwiso	Isandi/Ingxolo eyenziwa ngamanzi engxangxasi
Cwaka (isigaba sentetho	Isifanekiso zwi	Umlambo umsebenzi wawo uwenza uzolile
Ndiyacamngca	Isimntwiso	Ukucinga
Ndibulel'umdali	Isimntwiso	Uthi enkosi kuMdali ngendalo entle
Lulula na lonke?	Umbuzo buciko	Ubunzima behambo yomlambo njengoko umana ubetheka ezingxangxasini
Mna ndingumntwanana wesibhakabhaka	isimntwiso	Ukuzidela/mvelaphi yomlambo

9.9. ISAKHIWO SANGAPHANDLE

- ✓ Lo mbongo wenziwe zizitanza ezili-11
- ✓ Isitanza ngasinye senziwe yimiqolo emi-6 kwezi zitanza zilandelayo
Isitanza soku-1 -7,9 &11
- ✓ Isitanza sesi-8 senziwe yimiqolo eli-12
- ✓ Isitanza se-10 sona senziwe yimiqolo 5
- ✓ Imiqolo yenziwe ngamagama angalinganiyo.

10. UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE: SE K MQHAYI

10.1. UDIDI LOMBONGO

- Ngumbongo sikhuzo/ I eleji/ isimbambazelo kuba imbongi isixelela ngongasekhoyo uCharlotte Manyhi Maxeke kunye negalelo lakhe elihle esizweni

INGCACISO NGOCHARLOTTE MANYI MAXEKE

- Ubengumfazi wokuqala omnyama ukulwela amalungelo abafazi
- Wabhubha ngomhla we-16/Oktobha/1939

10.2. AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo
Ushenxile	Uswelekile
UMamarhixirhixi	Umntu owenza imisebenzi enzima/ Umama osebenza ngabantu abanezimilo ezingajongekiyo
Ufinyisa	Ukusula iimpumlo ezininto engathandekiyo ngenjongo yokumenza mhle athandeki/ abukeke/ ajongeke (ukususa into emdaka emntwini, isenokuba ngumkhwa, isenzo, ngenjongo yokumenza ajongeke kwabanye
Amagruxu	Zizinto ezimdaka
Egutyula	Ukususa ukungcola (ukususa imikhwa emibi engathandekiyo)
Amanxila	Abantu abasela utywala abangakwazi ukuzilawula (abantu abathanda izinto ezithile- nanjengoko ebengunontlalontle kubhekiswa kubantu abanxilayo abebanceda/ abathanda izinto ezingenamsebenzi.)
Amahilihili	Abantu abangasagodukiyo

Iirhanga	lipaseji ezincinanana (iindawo ezingakhiyo)
Amadungudwane	Abantu abangenandawo yokuhlala
Wabek'inyawo	Wahambela
Wabekamabele	Wendela
Ukwanyisa	Ukuncancisa

10.3. ITHINI IMBONGI KULO MBONGO

- Isixelela ngomama uCharlotte Maxeke ongasekhoyo nemisebenzi yakhe emihle esizweni/ ungesiganeko sokunduluka kukaMama uCharlotte Maxeke emhlabeni negalelo lakhe elihle elizweni.

10.4 ITHINI IMBONGI KWISITANZA NGASINYE

Kwisitanza-1	Imbongi isixelela ngokusweleka kukamama uCharlotte Maxeke kunye negalelo lakhe esizweni, iyalela abantu ababhinqileyo ukuba makubekho indima abayidlalayo njengoko eswelekile uCharlotte
Kwisitanza -2	Imbongi isixelela ngemvelaphi kamama uCharlotte Maxeke, isiduko salapho ende khona kunye neendawo athe wazityelela
Kwisitanza -3	Imbongi ibonisa ixhala lokuba ngubani na oya kuthi adlale indima kaCharlotte njengoko eswelekile aphethe ngokuyalela ukuba makenzelwe ilitye lesikhumbuzo ukuze angalityalwa

10.5 INTSINGISELO ENGUNDOQO

- Imbongi ibonisa igalelo elihle lokulwela abafazi elenziwe ngongasekhoyo uCharlotte Maxeke/ indima edlalwe nguCharlotte esizweni ngokubanzi elwela abafazi/ Imisebenzi emihle yokulwela abafazi eyenziwe nguCharlotte lo gama ebesadla amazimba

10.6 IMFUNDISO

- Abantu mabathathe apho eyeke khona uCharlotte basebenzele isizwe.
- Masincedancedane siluluntu jikelele
- Wonke umntu unoxanduva lokwenza ngcono ubomi babanye abantu, ingakumbi obabantu abahlelekileyo
- Ngobukho bakhe kuzuzwe ubutyebi obuyimfundo,kukutshwe abantu ebugxwayibeni nasezintolongweni, akhanyiselwa amakhaya
- Isizwe masiyiqaphele imisebenzi yabasetyhini siyidumise xa ikho edumisekayo.

10.7 UMOYA WEMBONGI

- Imbongi yonwabile ngenxa yemisebenzi emihle eyenziwe nguCharlotte Maxeke
- Imbongi ibonisa umoya wovuyo- iyabonga ibulela , incoma igalelo lakhe kumzi kaNtu nomzi waseAfrika uphela

10.8 Imifanekiso ngqondweni

Oweliso:

- ❖ Ufinyis'amagruvu uphuhlisa umntu ococa abantu
- ❖ Egutyul'irhanga namanxila uphuhlisa ukususa abantu kwiindawo ezingalunganga nokuyekisa amaxila ukusela
- ❖ Egudus'amahlihili uphuhlisa umntu onceda abantu abangasagodukiyo ukuba bagoduke
- ❖ Wabek'iinyawo uphuhlisa iindawo akhe waya kuzo
- ❖ Wabekamabele ubonisa umntu owendele kuloo ndawo
- ❖ Ilitye lokukhunjulwa uphuhlisa ilitye lengcwaba

10.8 ISAKHIWO SANGAPHAKATHI

Izafobe

Udidi

Siphuhlisa ntoni

Ushenxile	Isihlonipho	Ukusweleka kukaCharlotte Maxeke/ Ulandulele eli uCharlotte
Itye lesiseko seTopiya	Isikweko	Nguye owadlala indima yobunkokheli ekuhlenganiseni inkonzo yaseTopiya kunye neyaseWesile (African Methodist Episcopal Church)
Igqibil'i.... Igqibil'i....	Imvano siqalo/ uphindaphindo	Usebenze ngokwaneleyo
Logangwa yinto kabani?	Umbuzo buciko	Ngubani oya kuthi adlale indima kaCharlotte Maxeke
Az'angaz'alitalwe Az'angaz'alitalw' Az'angaz'alitalwe	Uphindaphindo/ Imvano siqalo	Isizathu sokuba enzelwe ilitye lesikhumbuzo kukuba angalitalwa

10.9 ISAKHIWO SANGAPHANDLE

- ✓ Lo mbongo wenziwe zizitanza ezithathu
- ✓ Isitanza sokuqala senziwe yimiqolo eli-9
- ✓ Isitanza sesibini senziwe yimiqolo esi-8
- ✓ Isitanza sesithathu senziwe yimiqolo eli-10

11. UMKHOSI WEMIDAKA: S.E.K. MQHAYI

11.1 UDIDI LOMBONGO

- Ngumbongo mbaliso kuba imbongi isibalisela ngamadoda omzi oNtsundu athi ancedisa iBhritani xa yayisilwa neJamani kwimfazwe yokuqala yehlabathi

11.2 AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama

Intsingiselo

Zemk'iinkom magwalandini	Ukuhlaba ikhwelo xa kusunakala
Ubugqi	Ummangaliso/Ubunkuntsela ekwenzeni into
lintonga zobugqi	imipu
Midondosholo	Izigantsontso ezinezoso
Amagorha	Amakroti/ amakhalipha
AmaBhulasi	Amafama
Ikrwana nentshuntshe	Izixhobo zokulwa
Ikhaka	Isixhobo sokuzikhusela xa kusiliwa
Esingeni	Esicithini
Uqongqothwane	Isinambuzane esincinane
iGqili iligwa	Imilambo
UMsoleni	NguMussolin yinkokheli yase Italy eyayincedisa uAdolf Hitler kwimfazwe yokuqala yehlabathi
Simdle luhlaza	Simenzakalise
Amafiji, amaGala	lintlanga
Bhasiniya	Luhlanga lwaseBosnia
Iintaba zeSikhalimanjalo	Kilimanjaro
Amagqubusha	Abakhohlisi
ezasemoyeni	linqwelo moya zemikhosi yokulwa

11.3 ITHINI IMBONGI KWISITANZA NGASINYE

Kwisitanza 1	Imbongi ihlabikhwelo / ihlabumkhosi ibonisa ukuba konakela ukuhlala
Kwisitanza 2	Imbongi iyalela ukuba makubizwe amakroti avela kwiindawo ngeendawo ezizezi: ezilalini, ezilokishini kunye nasezifama
Kwisitanza 3	Imbongi ikhuthaza imidaka ukuba mayingayekeleli inganikezeli njengoko beza kuwela imilambo eyaziwayo bamoyise uMussolini ongumncedisi kaHittler kule mfaze yokuqala
Kwisitanza 4	Imbongi ibonisa indima ekufuneka idlalwe yile mikhosi yemidaka kule mfazwe ukuba kukukhulula izizwe

	eziphantsi kwaMajamani (amaFiji, amaGala namaBhasiniya)
Kwisitanza 5	Imbongi iveza uvakalelo lwayo lokuvuya njengoko beya kuthi baqabele kwiintaba ezinamagama bevuma ingoma
Kwisitanza 6	Imbongi iyaleza imidaka ukuba ize ikhawuleze ibuye kuba nalapha eMzantsi Afrika kusekho izinto ezisafuna ukulungiswa

11.4 INTSINGISELO ENGUNDOQO

- Kuhlatyw'ikhwelo ebantwini abaNtsundu baseMzantsi Afrika ukuba bancedise iBhritani kwimfazwe yokuqala yehlabathi kuba uMzantsi Afrika wawulithanga leBhritani

11.5 IMFUNDISO

- Kubalulekile ukuzinikela xa usenza into

11.6 UMOYA WEMBONGI

- Yonwabile imbongi ngenxa yegalelo lemidaka lokuncedisa iBhritani kwimfazwe yokuqala yehlabathi njengoko yathi yoyisa umkhosi kaHittler noMussolini

11.7 IMIFANEKISO NGQONDWENI

Oweliso

- ❖ “Sipheth’iintonga zobugqi” Ibonisa abantu abaphethe imipu
- ❖ “Midondosholo” ibonisa izigantsontso zamadoda anezoso
- ❖ “Ikrwana nentshuntshe” ibonisa izixhobo ezibukhali zokulwa
- ❖ ‘Ikhaka’ ibonisa isixhobo sokuzikhusela
- ❖ Siwel’iGqili siwel’iLigwa Siwel’iLimpompo neZambesi” ibonisa imidaka iwela imilambo eyaziwayo isingise emfazweni
- ❖ “Siqabel’iintaba zematopo, siqabel’iintaba zamaKenya nezeSikhilimanjaro (ibonisa aba bantu beqabela phezu kweentaba ezinamagama bevuma iingoma zoloyiso

Owendlebe

- ❖ “Ziduduma zigqekreza” siva izithonga zemipu

11.8 ISAKHIWO SANGAPHAKATHI

Izafobe	udidi	Siphuhlisa ntoni
Ayephi na! Ayephi na! Ayephi n'a...	Uphindaphindo/imvano siqalo	Ukuhlaba ikhwelo Uphawu lokukhuza lubonisa ukugxininisa
Zemk'iinkomo magwalandini	Isaci	Ukuhlaba umkhosi/ konakele ukuhlala
Ziggekreza	Isifanadumo	Isandi esenziwa yimipu
Phindela kwakhona Phindela kwakhona	Imvano siqalo/ imvano siphelo/uphindaphindo	Isidingo sokuphuma komkhosi wemidaka ungabuyi ngamva
Biz'amagorha ezilalini Biz'amagorha ...	Imvano siqalo/ Uphindaphindo	Ukubonisa ukuba kufuneka iphume yonke imidaka ezilalini nasezilokishini
Ivunywa... Ivunywa...	Imvano siqalo/ uphindaphindo	Ubani ozinikeleyo emfazweni kufuneka axhobe ngezikhali zokulwa
Wayekela! Wayekela! Wayekela Lawundini!!	Imvano siqalo/ uphindaphindo/uxwesiso	Makunganikezelwa
Mdak'omnyama... Mdak'omnyama...	Uphindaphindo/ imvano siqalo	Ukukhahlela kule midak'eNtsundu
Gqirha lendlela nguqongqothwane	Intetho	Kukukhuthaza imidaka ukuba ubuchule bokwenza into busekuyenzeni
Siwel'igqili siwel'iLigwa Siwele iLimpompo ...	Uphindaphindo/ imvano siqalo	Ihambo yale midaka njengoko eza kuwela imilambo eyaziwayo
Simdle luhlaza uMsoleni	Ugqithiso/ isibaxo/ubabazo	Ukungxwelerheka komkhosi kaBenito Mossolini waselItaly
Phakathi! Phambili! Phakathi! Phambili!	Imvano siqalo/ imvano siphelo/ uphindaphindo	Isingqi esinye esenziwa ngamajoni xa ehlasela utshaba eluvelela nkalo zonke
Nihlangule... Nincede.... Niwajije....	Imvano siqalo	Ukuhlangulwa kwezi ntlanga kunye nokulwa neGermany
Siqabel'iintaba ze... Siqabel'iintaba ..	Imvano siqalo	Iintaba ekuza kuqatyelwa kuzo emva koloyiso kuvunywa iingoma zoloyiso
Nibuye nodumo nozuko Nibuye noloyis'oluhle	Imvano siqalo	Izinto abaza kubuya nazo emva kwemfazwe kuba boyisile

11.9 ISAKHIWO SANGAPHANDLE

- ✓ Lo mbongo wenziwe zizitanza ezi-6
- ✓ Isitanza ngasinye senziwe yimiqolo eli-10 ukusuka
kwesokuqala – kwesesithathu
- ✓ Isitanza sesine senziwe yimiqolo eli-9
- ✓ Isitanza sesihlanu senziwe yimiqolo esi-8
- ✓ Isitanza sesithandathu senziwe yimiqolo eli-11

12. A! Ngangomhlaba! S.E.K.MQHAYI

NGUBANI NA UNGANGOMHLABA

- Lo nguKumkani uMpisekhaya Ngangomhlaba Sigcawu
- Ngukumkani wamaXhosa eNqadu emaTshaweni nowaye engunyana kakumkani uSalakuphathwa Sigcawu.
- Sisizukulwana sikaKumkani uHintsisa nowaye ephethe phakathi kweminyaka yama-1922 -1933.
- Yikumkani le eyakhulela kwaBomvana nanjengoko ilisiko elinenkqayi ukufihlwa komntwana wegazi de kufike ilixa elililo lokuvezwa kwakhe esizweni.
- Yikumkani le eyaye iphethe emva kukukumkani uGwebinkumbi wamaXhosa.
- Ikwayikumkani le eyakhe yanyevulelwa ngumbuso omhlophe ngokuthi ingamenywa kwindibano neekumkani
- Ikwayikumkani le eqabuke ngelixa leMfazwe yokuQala yeHlabathi neyabangelwa nguKayizana (Kaizer) wamaJamani (1914 – 1918).
- Yikumkani le eyazi mhlophe ukuba nguKumkani uJosi wesiHlanu (King George V owathi wavumela ukuba eloMzantsi Afrika liphathwe phantsi kwenkqubo yoMdibaniso woMzantsi Afrika (Union of South Africa:1910 -1961) neyayikhuphela ngaphandle imidaka yeli lizwe

12.1 UHLOBO LOMBONGO

- Lo mbongo ngumbongo mbaliso kuba sibaliselwa ngokwathi kwenzeka mhla ukumkani uNgangomhlaba wayetyelele eMonti nokwathi kwenzeka eDe Aar apho kwakudibene khona uNgangomhlaba noZweliyazuza King George v.
- Lo mbongo singaphinda sithi sisibongo. Oku kuvela ekubeni apha kubongwa umntu. Lelinye lamaqhawe eli nanjengoko yaye iyikumkani yamaXhosa kwisizwe samaGcaleka
- Apha kubongwa igorha lesizwe nanjengoko obongwayo waye eyikumkani yamaXhosa.
- Kwakhona singatsho sithi lo mbongo ngumbongo- sikhhalazo kuba apha kuwo siva imbongi iveza isikhhalazo sayo sokungaxabiseki kweenkosi zendlu emnyama ngumbuso wengexesha lengcinezelo nendlela le eyalwa ngayo ngempumelelo ukubuyisa eso sidima

IIMPAWU EZIBUBUNGQINA BOKUBA SISIBONGO ESI

- Isikhahlelo: A! Ngangomhlaba!

- Amagama athi lowo ubongwayo awathiywe yimbongi ehluba imisebenzi yakhe : NguSo-kugqononoza.
- Uphinda-phindo lwesikhahlelo: A! Ngangomhlaba! A! Ngangomhaba!
- Kubongwa amagorha /amaqhawe: Lo ubongwa apha yikumkani yamaXhosa jikelele nezinze kumhlaba wamaGcaleka neyathi yazenza idini lesizwe.
- Sithi sisetyenziselwe ukuthibaza isenzo esingamkelekanga / ukuncoma ngokungafihlisiyo isenzo esiphuhlisa ubuthanda-zwe : ... inkwenkwezi ifumanekile
- Sinendlela esiphethwa ngayo Ncincilili!!

IMVELAPHI YOMBONGO

- Lo mbongo ubhalelwe ukuphuhlisa imincili ngelixa kusamkelwa ukumkani kumhlaba waseMonti.
- Kukwalandwa imbali echukumisayo eyadala ikumkani le ibe yehlonitshwayo ingakumbi zizizwe ezimhlophe zelixa lengcinezelo.
- Umbongo uphetha ngokuvakalisa imo eyaye yagquba emva kokubhubha kwekumkani le

12.2 AMAGAMA ANGAQHELEKANGA

Isigama	Intsingiselo eqhelekileyo	Intsingiselo enzulu
Mangqangqa	Ukuxakeka	Ukuphithizela ngendlela engaqhelekanga
Akroza	Ukuhamba ngokulandelelana kwamajoni	
Yahlahlamba	Ukukhalela phezulu	Kuphuhlisa isandi esasiphezulu ngolona hlobo ukutolika izinga lokwamkeleka kwalowo waye elindelwe

I.C.U	Iqela leentambula	Iqumrhu le-Industrial Comercial Union neyaye isekwe nguClemens Kadalie
Zaphala	Ukuhamba ngesantya	Isantya esiphezulu kanobom ukuphuhlisa uthakazelelo/ umdlala okwiqondo eliphezulu
Zakhala	Ukulila ngokuvakalayo	Isandi esizingileyo nesiluphawu lokuvuma kwalo nto ibe isenziwa
Bho-ho-ho	ukugxwala kweenkomo ngethuba zixhelelwa ukumkani. Ukubhonga oko kweenkomo ngokwemveli kwaye kungumqondiso wokuba icamagu livumile	
Lanyikima	Ukushukuma ngequbuliso	Ukuphuma komntu wonke kungasali nempunde
Zaqaba calanye	Zahomba ngokuchokoza zihombise ubuso	
Igwangqa	Umlungu	
..inkanunu	Sithetha isixhobo sokulwa emfazweni	
A! Ngangomhlaba	Isikhahlelo	Ukuqaqambisa lowo ubongwayo nokunika imbeko ngokukhahlela nokuluphawu lwesibongo somthonyama
Sokugqononoza	Isikhahlelo	
Joji	Isilungu (King George V) waseBritane	NguKumkani uJoji V welizwe lamaNgesi owaye ephethe ngelixa leMfazwe yokuqala yeHlabathi nomkhosi wakhe

		walwa woyisa ngokubambisana
Kezala	Kaiser Wilhelm II	Umongameli welizwe laseJamani nomabhongo akhe obunganga adala uqhambuko lweMfazwe yokuQala yeHlabathi
Dweba	Unkosi uDweba	Inkosi yamaBomvana apho wayefihlwe khona uNgangomhlaba ebuntwaneni bakhe.
Ludidi	Inkosi yamaMpondomise	
Waqakatha	Inkosi yamaMpondo	
...balibele ziiwatsha	Izacholo zokuhomba.	Kuphuhliswa ukuba esi sibini silibele ngoonobenani kuba olu daba silubona njengemfeketho
Bosobengwe	Chief Magistrate Richard Brownlee	Imantyi eyaye yongamele kummandla we-United Transkei Territories eMthatha nekulapho zazihlalelwa khona iinyewe zeenkosi zamaXhosa
Nombor Sikis	Inombolo esisithandathu	Kulapho kwakuza kuhlangukhona khona uKumkani Ngangomhlaba nekumkani yelizwe lamaNgesi uKing George V e-De Aar ngomhla wama 25/May/1925 ntlanganiso leyo yayiququzelwe nguBusobengwe (Brownlee)

Zweliyazuza	Isikhahlelo sekumkani yamaNgesi Neyayisakukhahlelwa ngamawayo njenge Prince of Wales ingekangeni kwisihlalo sobukumkani	Yindlela awaye wathiywa newayebizwa ngayo uKumkani uJoji V welamaNgesi
Diyara	De Aar	Idolophana ekuMntla Koloni ngokwanamhlanje nekulapho zanqoza khona phakathi kwamaNgesi namaXhosa
Irhuluwa	Umsi	Isisi esinevumba esiphokoka kwiinkanunu emfazweni
Nentsimbi	Isixhobo esomeleleyo esenziwe ngesinyithi (iron)	Ziimbumbulu ezaziphuma kwimipu nekuzizixhobo zemfazwe ekwakuliwa ngazo kulo mfazwe
Kwatshixiza	Isandi somthi	Imeko enzima yomlo apho kungekho cala lithe nyi kunelinye
Imbeleko	Ufele/ ibhayi lokubeleka umntwana/ usana	Unxibelelwano oluphakathi kwabantu ababini/ ukuphela kobudlelwane phakathi kwabantu abazanayo/ abasondeleleneyo
Imibeleso	lintambo ezisetyenziselwa ukuthunga indlu efulelweyo ude ufika zijinga apha emacaleni/ zimbi ziqhinelwe ematyeni	Ukuphela kobudlelwane. Kaloku yakuqhawuka imibeleso indlu leyo ithi ibe sisisulu sokumkelwa luphahla yimimoya ebhudlayo

Kusaphuk 'imikhonto	Ukwaphuka/ ukuqhawuka phakathi	Ukuphela kwezixhobo zokulwa ngenxa yobunzima bemfazwe apho kungekho cala loyisayo.
Ukudlula	Ukuyishiya endleleni into kuba wena unesantya esingcono kunesayo	Kukuphela kwemfazwe kuba kukho icala eloyisakeleyo okanye ngenxa yokuba kuviwene ngokudalwa koxolo
Inkwenkwezi	Sisixhobo sokukhanya esibonakala sikhanyisa esibhakabhakeni ebusuku	Ngumhlaba (umda) lo nowaye uyimbangi yembambano owaye wade wafunyanwa ngamaXhosa ngenxa yobukhalipha bukaKumkani uNgangomhlaba
Ziye ngeendawo zazo	Ukubuyisela into kwindawo eyifaneleyo	Makubekho uxolo ngenxa yokuphela kwembambano
Jikijwa		
Rubusana	W.B. Rubusana	Ngumhlohli kaMqhayi lo nowathi waba nefuthe kuye kwimiba esingisele kwezopolitiko. UMqhayi ke ube ethanda ukungqinisisa kuye njengomakadebona
Ncincilili!!	Isiphelo	Intshukumo ebonisa ukuba imbongi (yomthonyama) iwuqwelile / iwufincile umsebenzi wokubonga ebe iwenza.

12.3 ITHINI IMBONGI KWISITANZA NGASINYE

ISITANZA	UMXHOLO	UBUNGQINA
Kwisitanza 1	Apha kuxakekiwe ngumntu wonke kwamkelwa ngothakazelelo uKumkani uMpisekhaya	Yema mangqangqa

	‘Ngangomhlaba” Sigcau nowaye eyikumani yamaXhosa akwaGcaleka esamkelelwa eMonti emva kokulwa ngempumelelo ukubanga nokubuyisa ngempumelelo umhlaba owaye uthathwe ngabaMhlophe. Imbongi isizobela umfanekiso ngqondweni weliso ngezinto ezaye zisenzeka nemeko yobushushu bothakazelelo ngenxa yesenzo sobugorha beli thole lesilo ukubuyisela isidima sabantu. Naxa kunjalo kuthi kubekho isaphuselana sekhatshakhowana lomfo omhlophe nongumqhubi wenqwelo yamahashe othi abonakale emangalisekile yinkitha yomzo ontsundu ebe ecinga ukhukuliswe ngelixa lemfazwe. Lo mfo ukwaxhaliswe nakukuba naxa liyinxalenye yabelungu abatyayo kulo mhlaba alonwabanga kuba libubonile ubunganga bomzi ontsundu kwimfazwe ebezikhokelwe nguNgangomhlaba. Isitanza sivalwa ngophindaphindo oluhla ngqo (Ngokuka Prof D.N. JAFTA) kukhahlelwa kukumkani nanjengoko eso isisikhahlelo sakhe sobukhosi ngenjongo	Akroza; yahlahlamba; zaphala; lanyikima Laxakek’igwangqa Inkanunu ayikenzi nto A! Ngangomhlaba! A! Ngangomhlaba!
--	---	--

	zokuqaqambisa imisebenzi yakhe emihle.	
Kwisitanza 2	Imbongi imzoba ikwamchaza uNgangomhlaba njengomntu onomqolo noligorha elingevi ngokuviswa ngokusebenzisa amagama ambaxa. Ukwavezwa njengomntu owalamla ngempumelelo imfazwe kwindlu yowiso-mthetho ye United Transkeian Territories neyayisaziwa njengeBhunga eMthatha. Ngumfo lo owalamla ngempumelelo imfazwe phakathi koKumkani uJosi wesi-5 welizwe lamaNgesi elaliphethe ilizwe loMzantsi Afrika nengqonyela yamaJamani uKezala (Kaiser Wilhelm II) eyaye inorhulumente olawula ilizwe laseNamibia nababebangisana ngelizwe loMzantsi Afrika (Transvaal Republic) neyaye izele bubutyebi bezimbiwa [ilifa elisetyesini]	Yinxil' engaphakathi NguSo-kugqononoza; Sisiyangayanga Wayivimb'impini yasebhungeni Yindaba kaJosi noKezala Babambene ngelif'elisetyesini
Kwisitanza - 3	Ukumkani Ngangomhlaba nowaye ekhulele kwaBomvana wathi waya kulo msitho nembongi yakhe yakwelo lakwaBomvana kumhlaba kaNkosi uDweba	Mzi kaDweb 'unuk' amalongo Mna andifunwanga ndimoshiwe Hambani nokufuna imbongi eyokholwa nini

	Kwesi sitanza okaMqhayi usivezela isikhalazo sembongi kaNgangomhlaba uNgubengcuka neyathi ayafumana qonga nokukhathaleleka ikhalala ngelithi elakowayo likhona (apho ixabiseke khona) itsho igqabhuke ngelithi xa inganakwa iya kubuyela kwelakowayo ukuze kusale kusale kuwongwa ezo zithandwayo endaweni yayo. Kuvela ukuba yakhunjuzwa lo mbongi ukuba yaziwa nanguthathatha into yokuba inye imbongi yesizwe jikelele nenelungelo lokuthabatha iqonga kwimisithi enesihomo sobukho bamagorha esizwe afana nokumkani uNgangomhlaba. Kuvela ubungqina ukuba ekwabuziswa kubo ukwanelisa lo mqhankqalazi akazange asiwe so kuba wafika iinkosi ekwakuyiwe kuzo zikwelaseGcibhala	...Ludidi noWaqakatha balibele ziiwatsha
Kwisitanza - 4	Kwesi sitanza esiqala kumqolo: KULAHLEK'INKWENKWEZI YOKUMKANI: Kubalulwa ukuba ubugorha bale kumkani bagungqisa wonke umzi ontsundu nkqu negwangqa leMantyi eyayongamele iBhunga uBrowlee (Busobengwe) eMthatha nekwafuneka aququzelele	Kwagquma okaNopanyaza Wothuk'uBusobengwe Nombor' Sikis

	intlanganiso eyaye iphakathi koKumkani Ngangomhlaba noZweliyazuza - itshawe lasemaNgesini eDiyala (De Aar). Le kumkani ibuya iqaqanjiswe ngobugorha nobuchule bayo ekukhokeleni imfazwe nanjengoko yenjenjalo kwimfazwe eyaye inzima phakathi kwamaXhosa namaNgesi neyaphethwa ngoxolo kungekho egoba uphondo kodwa wona umhlaba owaye uyimbangi yembambano ubuyiselwe kumaXhosa. Isitanza siphethwa (umbongo uphethwa) ngamagama angqina ukuba ligorha lokwenene eli elifanelwe kukuxatyiswa kungenjalo libukwe maxa onke.	Kwaqhawuk'imbeleko nemibeleso Kusiphuk' imikhonto ...inkwenkwezi ifumanekile Sisithi wagcinen 'amadun'akowenu
--	--	---

12.4 INTSINGISELO ENGUNDOQO

- Izinto ezathi zenzeka mini kwakusamkelwa ngayo ikumkani yamaXhosa eMonti nako konke okwathi kwenzeka eDe Aar kwintlanganiso eyayiphakathi kukaKumkani uMpisekhaya kunye no King George V

12.5 IMFUNDISO

- Ukubaluleka kwendima edlalwe ziikumkani zelizwe lethu njengokulwela umhlaba welizwe lethu

12.6 IMIFANEKISO NGQONDWENI

UMFANEKISO NGQONDWENI	INJONGO	UMZEKELO
Umfanekiso ntelekelelo/ ngqondweni weliso	Ukubonisa indlela ekwakuxakekwe ngayo ngethuba kulungiselelwa ukuza kokumkani	Yema mangqangq' iManisipalati
Umfanekiso ntelekelelo weliso	Ukuphuhlisa indlela enomfaneleko awaye emiswe ngayo amajoni ukwamkela nokunika imbeko kukumkani	Akroz'.....
Umfanekiso ntelekelelo wesandi/ wokuva ngeendlebe	Ukuzoba isihomo sesandi nendlela evakalayo esaqala ngayo	Yahlahlamb'....
Umfanekiso ntelekelelo wesandi/ wendlebe	Ukuphuhlisa indlela enesidima esazondelela ngayo isandi eso ngokuthi sihambelane nesiingqi esaye sisenziwa ngumkhosi ngethuba unika imbeko kukumkani	Ngambu-ngambu-ngambu
Umfanekiso ntelekelelo weliso	Ukuphuhlisa isantya ezaye zihamba ngaso iimoto ezo nemotokali ezaye zikhwelise abo babeze ukuza kubuka ikumkani leyo	Zaphala
Umfanekiso ntelekelelo wendlebe	Ukuphuhlisa ukugxwala kweenkomo ngethuba zixhelelwa ukumkani. Ukubhonga oko kweenkomo ngokwemveli kwaye kungumqondiso wokuba icamagu livumile	Bho-ho-ho
Umfanekiso ntelekelelo weliso	Uphuhlisa isantya ezaye zihamba ngaso	Zagidima Lwambhox 'uthuli

12.7 ISAKHIWO SANGAPHAKATHI

Isifanadumo	Ngambu-ngambu-ngambu	Isandi sokukhala kwamagubu entambula
Imvano zandi	Zakhala zaku hlatywa zatakazela zathi	Ukukhala kweenkomo xa zixhelwa zibonisa ukuba icamagu livumile
isifanadumo	Bho-ho-ho-	Ukukhala kweenkomo xa zixhelwa zibonisa ukuba icamagu livumile
Ubabazo/ isibaxo/ ugqithiso	Lanyikima lonk'elakwaGompo	Uphuhlisa ukuba waphuma wonke ummi welakwaGompo ukuza kuzibonela ngokwakhe ukumkani
Uphindaphindo oluhla ngqo	A! Ngangomhlaba A! gangomhlaba	Ukuhlonitshwa kukaKumkani uNgangomhlaba
Isikweko	NguSokugqononoza	Siphuhlisa umntu ongoyiki ngokoyikiswa kananjalo ongayiyeki ngokulula into ayiqalileyo. Isiteketiso sokutyibela uNgangomhlaba
Amagama ambaxa	NguSokugqononoza Sisiyangayanga	
Isikweko	Udong'olubomv 'olulil' iinyembezi	Ukuphuhlisa ukumolela kwale kumkani
Isibayiyo	Yinxil'engaphakathi	Ukuveza imfihlelo ngendawo eyakhuliswa kuyi ikumkani le
Isikhalazo	Kubúyityil'ifatyi wayikhanyela	Siphuhlisa ukungoneliseki sisenzo sokungacingelani
Isiyaleli	Ndikhapheni, Hambani, Thumelani	Siphuhlisa imeko yokukhalaza kwembongi nanjengoko yaye iyinxalelnye yomsitho suke yangasiwa so.

Uphindaphindo	Ndikhaphen' ndikhapheni	Ukungoneliseki / imeko yokukhalaza njengoko ingasiwanga so
Uphinda-phindo	Hambani niye kufuna imbongi enokholwa yiyo	Lugxininisa ukukhalaza kwembongi nanjengoko ithe yajongewa phantsi kulo msitho yangayinikwa indawo yayo yesiqhelo kwimicimbi yesizwe
Uphinda-phindo (lwesikhuzo	A! Ngangomhlaba! A! Ngangomhlaba!	Lugxininisa oyena mntu ubongwayo kukwaphuhliswa indlela axatyiswe ngayo sisizwe sakhe ngelixa engazelwe nto ngabaMhlophe belo xesha.
Isihlonipho	Kulahlek'inkwenkwezi yoKumkani	Imbongi iyakwazi ukuba ukuwa komthi omkhulu yinto ehlonitshwayo le kwaNtu
Isimntwiso	Zagidima iincwadi	Sibonisa ukuba kwathunyelwa iileta eMthatha
Isihlonipho	Kwagquma ..	Ukubonisa indlela avakalelwa kabuhlungu ngayo
Isaci/ iqhalo	Yamathumb' antaka ...	Ukuzoba imeko engentle kumzi kaLuzipho
Isikweko	Izilonyana (abantwana begazi)	Ukutolika abantu abangevaniyo
Isiyaleli	Ndikhapheni ... Hambani ...	Siphuhlisa umoya wokukhalala kwekumkani le nokungabikho kwemvisiswano Imbongi kaNgangomhlaba ekuthethwa ngayo nguNgubencuka (esingatsho sithi waye engakhange anikwe wonga noxa ekho njengembongi yekumkani

	Mzi kaDweba unuk' amalongo	Imbongi iyakhalala itsho isithi ibe ingeyiyo nto kakade kulo msitho kuba izibona njengomntu ophantsi ongajongelwanga ntweni kuba naku kunikwe iqonga iingcungcu ooMqhayi
Uphindaphindo	Mn'andifunwanga ... Mn' andifunwanga ...	Luveliselwa ukuphuhlisa ukungevisisani kwembongi ngokunganikwa ithuba lokubonga apho emsithweni
Isiyaleli	Thumelani ...	Siphuhlisa ukuba akusiyiyo impazamo ukunganikwa kwayo iqonga ngokuthi ikrotyiswe ukuba zonke iikumkani zakwaXhosa ziyayazi le nyewe kutsho kukhankanywe uLudidi ikumkani yamaBhaca noWaqakatha wesizwe samaMpondo
Uchasaniso	Izulu nomhlaba	Lubonisa ubuninzi obungakholelekiyo babantu abaye belapho

12.3 ISAKHIWO SANGAPHANDLE

- Nangona izitanza zalo mbongo zihamba ziduke mhlawumbi ngexesha loshicilelo siza kuvumelana ngokwesakhiwo ukuba umbongo lo wahlulwe wazizitanza ezi-**NE**.
- Siya kuthi siqaphele ukuba ezi zitanza azilingani ngokwenani lemiqolo (Isakhiwo sangaphandle) nekumele ze **kubenjalo kakade kwisibongo somthonyama. (ngenxa yovakalelo nomoya eqhutywa nguwo imbongi ngelixa idanduluka ibonga).**
- Isitanza sokuqala senziwe yimiqolo eli-14
- Isitanza sesibini senziwe yimiqolo eli-14

- Isitanza sesithathu senziwe yimiqolo eli-13
- Isitanza sesine senziwe yimiqolo engama-24

ISINGQISHO: Sisetyenziselwa ukunika ubunzulu kwintsingiselo/ ukuqaqambisa umyalezo othile

- Usakha ngokusebenzisa izifanadumo: zakhala zakuhlalywa zatakazela
- Uthi ashiye isikhamiso ngendlela ethile kumqolo ngamnye: Ndikhaphen 'ndikhaphen'ndicand'ulwandle

IDRAMA

Yintoni idrama: Idrama luhlobo loncwadi olubhalwa ngenjongo yokubonisa okanye ukulinganiswa eqongeni kungenjalo kwithiyetha

INKQUBO EMAYILANDELWE XA KUFUNDISWA IDRAMA

1. INKQUBO YAPHAMBI KOKUFUNDA:

- Bonisa umphandle wencwadi bajonge ulwazi olufumanekayo, umz: iqweqwe lwencwadi, isihloko sencwadi, umbali, imbali yombhali, unyaka eshicilelwe ngawo (kwiphepha lokuqala)

- Bajonga uluhlu lwabalinganiswa baqikelele ngokuza kwenzeka bagxile nakwindlela abathiywe ngayo.

2. INKQUBO YANGELI XESHA UFUNDAYO

- Bajonga ze bachonge isigama esingaqhelekanga nemifanekiso, baze banxulumanise netekisi
- Badwelisa zonke iziganeko eziqhubekayo ebalini.
- Bayahlalutya

3. INKQUBO YASEMVA KOKUFUNDA

- Kuphendulwa imibuzo emalunga netekisi ukususela kwimibuzo elula ukuya kwenzima
- Ukuhlalutya incwadi (ukuthelekisa nokuchasanisa, ukucazulula/ ukuphicotha, ukuphonononga, ukwenza isigqibo, ukudandalazisa uluvo lwakho
- Abalinganiswa mabadweliswe bahlengahlengiswe ngokwendima abayidlalayo nangokweendidi zabo

IINDIDI ZEDRAMA

1. Intlekele
2. Isiyoliso
3. Intlekele ntlekisa
4. Imelodrama
5. Umdlalo oveza/ onika ingxaki
 - Idrama elungiselelwe unomathotholo,
 - Idrama elungiselelwe iqonga, umabonakude okanye ithiyetha.
 - Umdlalo ondimanye.

INGCACISO NGEENDIDI ZEDRAMA

1. Umdlalo oyintlekele

- Lo ngumdlalo onesiphelo esilusizi, ekuthi kubekho umntu ofayo.

- Zonke iziganeko ezehlayo zimanyumnyezi kwaye zihambisa umzimba.
- Kukho ukudandatheka komphefumlo kubalinganiswa ngakumbi ophambili.
- Imeko ilusizi ukuqala ekuqaleni kwebali lide liyokuphela.
- Kukho umoya wonxunguphalo.
- Abalinganiswa bakwimo emandla yoxinzelelo, baphela bephambana, bebulalana okanye bezibulala.
- Umfundi okanye umbukeli unoxhalabo lokufuna ukwazi ukuba kuzakwenzekani emva koku lide liphele ibali.
- Umlinganiswa uba nesikhwasilima esiza kubangela ukuwa kwakhe.
- Isiphelo sibi kakhulu ngakumbi kumlinganiswa othandwayo nosizelwayo, umlinganiswa ophambili.

2. Umdlalo osisiyoliso

- Iziganeko eziqhubekayo ziyahlekisa.
- Umoya ukhululekile
- Imiphefumlo yabalinganiswa nabafundi yonwabile kwaye bakhululekile de liyokuphela ibali.
- Isiphelo simnandi.

IINTLOBO ZESIYOLISO

2.1 EYEZIMO ZABALINGANISWA (Comedy of character)

- Ijolise kwizimo zabalinganiswa.
- Umlinganiswa uba nophawu oluthile olumenza izinto azibone / azenze ngendlela ethile.
- Iba lolo phawu lubalaseleyo kuye olumenza izenzo zakhe zihambe ngohlobo oluthile

- Umzekelo: abe nomsindo okokoko, okanye asoloko esoyika ukwenzakaliswa, okanye asoloko ehleba, okanye abe nomona ongummangaliso njl njl
- Yonke ke into yakhe iya kulawulwa lolu phawu lunye naphantsi kwayo yonke imeko

2.2 ISIYOLISO SEZIPHOSO (Comedy of errors)

- Kolu hlobo isakhiwo esi somdlalo sihlohlwe iintlobo ngeentlobo zeziphoso neempazamo kwizinto ezenzekayo. Umzekelo: Umntu othile aphazanyiswe nomnye, isenzo esithile siphazanyiswe loo nto yenze ukuba izinto zibhidane kube yiloo nto
- Apha kubakho iimpazamo ezininzi kwizinto ezithethekayo nezenziwayo ezimthombo wazo usekubhidaniseni kwento ethile nenye

2.3 ISIYOLISO SEMIKHWA YOLUNTU (Comedy of Manners)

- Apha kuyoliswa ngokuthi kuhlekiswe ngendlela abantu abazibaxa ngayo izinto okanye iinkqubo ezibizwa ngokuba zezohlobo oluthile lwabantu, umzekelo izityebi ezityebe kuba zingoogqirha, iqela labantu abakhe baya kwiidolophu ezinkulu nemikhwa yabo njl njl. (Cinga ke apha ngolwimi abalusebenzisayo kunye nezinto abathatha ukuba banenyweba yokuzazi bodwa, yaye ezezabo bodwa). Yonke le nto inokubaxa okungaphaya kwegqondo.

2.4 ISIYOLISO ESINOBUQHAKRA-QHAKRA (Sentimental Comedy)

- Kusetyenziswa nantonina enokuhlekisa ababukeli /bafundi.

2.5 IFASI (farce)

- ukuhleka kuziswa ziziganeko nabalinganiswa ababaxiweyo kakhulu yaye iziganeko ziyahlekisa esinye emva kwesinye.
- Kwenziwa izinto ezininzi ezingaqhelekanga, kukho izothuso kunye nezinto ezininzi ezenzeka ngebhaqo.
- Ukuba into leyo yinto enokwenzeka na okanye hayi, loo nto ayisiwa so kakhulu.

(Satyo S.C Uphengululo page 121-122)

3. **ITRAJI-KHOMEDI (NTLEKELE-NTLEKISA)**

- Le yidrama engumxube wedrama eyintlekele kunye naleyo ehlekisayo.
- Kubakho iziganeko eziqhubekayo ezihlasimlisa umzimba kunye nezo zihlekisayo.
- Umoya nawo uxubile kuthi kusekwimo yonxunguphalo aphinde umbhali afake isiganeko esihlekisayo ukukhulula unxunguphalo.
- Isiphelo sisiphelo esimnandi.

4. **IMELODRAMA (Melodrama)**

- Yidrama apho iziganeko zibaxiweyo khona ngakumbi ezimanyunyezi(kubulawana okoko)
- Iziganeko ezibambisa umphefumlo zingajolisanga ekwakheni kwezimo.
- Umz:lifilim zamakhawuboyi,ezamaTshayina
Ngenxa yokubaxwa kwezinto kubalula ukuba loo nto iphinde iphanze.
- Abalinganiswa bayabaxwa kakhulu umzekelo balunge kakhulu okanye bakhohlakale ngokugqithileyo (bangabingobantu ngokwanelisayo)
- Ekupheleni kwawo lo mdlalo kunokuba yindyikityha yezidumbu ezigqithisileyo zabafuleyo, isiphelo sinokuba sesincumisayo.

5. **UMDLALO OVEZA/ONIKA INGXAKI. (Problem play)**

- Lo mdlalo ugomagomana, nengxaki ethile, inokuba yeyasekuhlaleni okanye ekuziphatheni.
- Yonke le nto yenzelwa ukuba uluntu lucinge ngaloo mbandela.

- Kulo mdlalo kusoloko kumi umbuzo othile ngomba othili: ithini ke impendulo? Umbhali usenokuyinika ngokwakhe okanye ayithi ntlo nje ashiye apho.

6. IDRAMA EYIKLOSETI (CLOSET DRAMA)

- Umdlalo obonwa ngeliso lomphefumlo hayi elenyama
- Uthatha imizuzu elishumi elinesihlanu kuphela.
- Kusetyenziswa isandi ubukhulu becala ukuzisa ubomi kulo mdlalo.
- Ifuna ubuchule obumangalisayo bokuzisa umfanekiso-ntelekelelo kuba kusebenza imizwa yokuva ngeendlebe kuphela.

UMDLALO KANOMATHOTHOLO

- Umdlalo obonwa ngeliso lomphefumlo hayi elenyama
- Uthatha imizuzu elishumi elinesihlanu kuphela.
- Kusetyenziswa isandi ubukhulu becala ukuzisa ubomi kulo mdlalo.
- Ifuna ubuchule obumangalisayo bokuzisa umfanekiso-ntelekelelo kuba kusebenza imizwa yokuva ngeendlebe kuphela.
- Iyazichaza indima yomdlalo inye umz “Amathunzi Obomi” ngu JJR Jolobe indima inye imiboniso isi-8.
- Indawo eyenzeka kuyo ibali inye umz. “endlwini kaMadlomo”
- Ngeyona midlalo ilinganiswa kakuhle eqongeni akubikho miqobo

BUZANI KUBAWO: K. TAMSANQA

UHLOBO LWEDRAMA: Yintlekele kuba iphela ngokufa kumlinganiswa oyintloko

ISAKHIWO SEDRAMA

1. Ingabula zigcawu
2. Ukuyondelelana kwezinto / ukujiya kwezinto
3. Uvuthondaba
4. Ukusonjululwa kwezinto
5. Isiphelo

AMANQANABA ESAKHIWO SEDRAMA

INQANABA LENGABULA-ZIGCAWU

Kweli nqanaba sivezelwa ngantlanye **indawo** eliqhubeka kuyo ibali kunye **nexesha** eliqhubeka ngalo ibali. **Abalinganiswa ababalulekileyo**, indima abaza kuyidlala kunye nefuthe labo ebalini livezwa kwalapha. Kwezinye iincwadi kubakhona **nendawana enendudulela phambili** neyiy ebe ngumzuzu ka'Huntshu'. **Izithole zempixano** ziyahlwayelwa kwalapha kweli nqanaba.

Umzekelo: Sivula nje kule ncwadi sivula sixelelwa ukuba umzi kaZwilakhe noMaGaba umi **kwilali yaseZazulwana** kwisithili saseGcuwa. UMaGaba usuka emtshatweni **kwaNgogo okwilali** engaphesheya kwale yaseZazulwana, kananjalo sikwavezelwa intombi enguNozipho ihleli endlwini **enomsi** nto leyo ibonisa ukuba kusezilalini, kaloku kusezilalini apho kuphekwa **phantsi endlwini ngeenkuni**.

Kwalapha siyavezelwa ukuba kwaMaGaba **kufuyiwe** njengoko sivile ukuba iihagu zakwaMaGaba zaziphelelwe **yikafu**, kwakhona uNozipho uyaxela ukuba, ukuba ebengekho eso sitiya sakowabo ngesityiwe saphela. Lo nto ibonisa ukuba kusezilalini kuba kuyalinywa ukuze kutyiwe, kwaye isityiwa eso kufuneka soluswe ukuze singatyiwa zizilwanyana zasekhaya ezifana neehagu, iigusha. Iibhokhwe, iinkomo namahashe.

Ikafu ke ibonisa ukuba kusezilalini kuba ifumaneka ekubeni kungqushwe umbona ze weliwe loo mngqusho kuphume ikafu. Ixesha lelamandulo, njengoko sesivile ukuba uNozipho wayephekile ehleli endlwini **enomsi** owawusenziwa kukubamanzi kweenkuni kuba kwakusandula kunetha kodwa epheke ngazo endlwini. Lo nto ibonakalisa ukuba **kwakungekho zitovu**, kuba ukuba zazikhona ngewayepheke kuso njengoko iinkuni zazimanzi.

Abalinganiswa ababalulekileyo baveziwe, **uMaGaba** ongunina kaNozipho ubuzwa yintombi yakhe ngabantu abebesemtshatweni, nto leyo yenze ukuba achaze **uThobeka** njengomnye wabo namncoma ngokubufanela ubufazi de amnqwenelele ukuba atshatwe ngumntu azalana naye.

Impixano ihlwayelwe ngokuthi uNozipho abuze kuMaGaba ukuba uthini na ngowakhe unyana malunga nomtshato le nto anqwenela ukuba uThobeka atshatwe ngomnye umntu. Zaqala xa kulapho ke izinto.

Nakule ke incwadi ikhona indawo enendudulela phambili njengoko uNozipho esithi kunina aze akhe athethe noZwilakhe onguyise malunga nale nto yokukutshata kukaGugulethu.

INQANABA LOKUJIYA KWEZINTO

La mpixano nazo zonke eza zehlo sizibhenqelwe kwela nqanaba lokuqala ziyajiya, ziyabondeka zikhula. Ukuxambulisana, ukuphikisana, impixano nokungevani ngemiba okanye iimbono ezithile kukhula ngamandla kwaye kuyanda. Kubakho iintlabazahlukane, abanye baba kwelinye icala abanye baxhase elinye. Izehlo zilandelelana ngokukhawuleza.

Umzekelo: UMaGaba umxelele uZwilakhe ngendima yokutshata kukaGugulethu, inqambuzane yeyokuba bayamkhethela intombi amakayitshate njengoko sisiva uMaGaba esithi akafuni yimbi intombi ingenguye uThobeka lowo ebembone emtshatweni, emncoma ubuhle nokubufanela ubufazi. Bembizile uGugulethu bambuza ngomtshato wabaxelela ukuba ebelinde bona, nto leyo bayitolika ngokungathi ubanika igunya lokuba mabamkhethela intombi aza kuyitshata nangona wayengathethi loo nto kuba abazange bambuza ukuba unayo na intombi ebomini bakhe. Bayamkhethela intombi amakayitshate, yena akayifuni kuba ebesele enayo athembisene nayo. Loo nto idala ingxabano kuba, uba ngaveza ezakhe iimbono, uyise akavumelani naye, uyaqhubeka ubiza amawabo. Akuvanwa ngooyise mncinci bakaGugulethu, abanye baxhasa uZwilakhe, abanye abafana noZweni baxhasa uGugulethu kuba uthi nowakhe unyana waqala wathetha naye ngendima yomtshato, ze waza kuba ngumlomo wakhe kubo. Nangona kunjalo, izinto ziqhubela phambili kuba uZwilakhe uthumela abantu kulo Thobeka ukuba baye kucela intombi nangona engavani noGugulethu kunye noZweni ngalo mba. Bayaya bafika bengaziwa nguThobeka kodwa abazali bakaThobeka bayavuma ukuba intombi yabo mayitshate nomntu engamaziyo, nayo yathobela yavuma ukuya kutshata nangona engamazi.

UVUTHONDABA

Apha ibali lifikelela kwisigaba esiphezulu, encotsheni yentaba, kuqhushumba iintlantsi zibonwe ngumntu wonke. Akusekho kubuya mva nokuba umntu sele

eyibona impazamo ayenzileyo. Izinto azisalawuleki apha ziya phambili abadali bempixano babonwa nanguthathatha, bavela elubala betshelwe zizicheku.

Kweli nqanaba uGugulethu utshata noThobeka, ngemini yomtshato wabo umfundisi uyabafungisa, ze uGugulethu xa kufikelele ithuba lokuba afunge alandele amazwi omfundisi, uthi makubuzwe kuyise, into nento ebuzwayo uthi mayibuzwe kuyise, de uyise wathi makugqithwe nangona ebona ukuba akukho kulunga kulo mtshato njengoko uGugulethu engafuni kufunga. Ngexesha kufuneke etyikitye amaphepha omtshato akafuni kutyikitya uGugulethu, nalapho uthi isandla sakhe silimele kodwa uyise ayimdanisi yaye ayimphelisi mandla yonke le nto usuke athi kumfundisi uza kumtyikityela ngokwakhe amaphepha lawo womtshato. Waqaphela umfundisi ukuba ikhona ingxaki kulo mtshato kodwa uZwilakhe wamya lela ukuba makaqhube umsebenzi wakhe. Kufa abantu abangenatyala, uMzamo uyahlatywa likrwala besilwa ngentombi ngale mini yomtshato. Loo nto yaya kuvakala kuNomampondomise nowaya kumangalela uGugulethu enkundleni eMthatha ze emva kokuxoxwa kwetyala wazibulala ngokuzitshonisa emanzini. Kusweleka unina kaNomampondomise ngenxa yomothuko nokukhathazeka kokuzibulala kwentombi yakhe. UGugulethu unxiba impahla emnyama emva kokuswelela kukaNomampondomise ngokungathi uzilile.

UKUSONJULULWA KWEZINTO

Kweli nqanaba sifumana isisombululo kwiimpixano nezishiqi ebezikade zisehla apha ebalini. Iqhina ebelikade libotshiwe liyawululeka. Kuziwa nesisombululo esiba neziphumo ezikakra komnye wabalinganiswa abaphambili.

Umzekelo: Apha uZwilakhe uthumela uThobeka eMthatha kuGugulethu ongazange aphinde abuye ekumkeni kwakhe emva komtshato apho afike akamkeleka, de washiywa nabantwana bakhe bekhala belambile. uGugulethu ugqiba ngokuba ambulale, uyambulala kunye nabantwana bakhe abathathu. Le nto iveza ukwehlelwa sisehlo esikakra komnye wabalinganiswa kunye nokusombululeka kweqhina lokutshatiswa ngenkani kukaGugulethu njengoko embulele umfazi wakhe awatshatiswa naye ngenkani.

UKUQUKUMBELA KUNYE NESIPHELO

Umbhali usonga ze aqukumbele ibali lakhe. Isiphelo sinokuba sihle okanye sibe sibi sihambe nesohlwayo.

Umzekelo: Apha kweli bali isiphelo sibi kakhulu kuba uGugulethu ugwetywa intambo ngenxa yesenzo sakhe sokubulala uThobeka ongumfazi wakhe kunye nabantwana bakhe abathathu. uZwilakhe akakwazi kumelana nesenzo sakhe sokutshatisa uGugulethu nokuthumela uThobeka eMthatha, uthi makufakwe yena endaweni kaGugulethu entolongweni njengoko inguye umnyanzelisi siko de ijaji yawazi amazwi athi, “BUZANI KUBAWO” ayemana ukuthethwa nguGugulethu xa ebuzwa imibuzo

enkundleni ukuba siyintoni na isizeka bani sawo. uMagaba uyabhubha ngenxa yokungakwazi ukumelana nezenzo zakhe akuva isigwebo sonyana wakhe kuba yaba nguye owaphembelela uZwilakhe anyanzelise uGugulethu ngokutshata intombi angakholwayo yiyo kuba nguye owafaka ingcamango yokuba makamnyanzele atshate uThobeka kuba esithi akafuni wumbi umolokazana ngaphandle kwentombi kaMcothama yona inesidima.

QAPHELA: KUBALULEKILE UKUJONGA ISIPHELO SABADLALI INGAKUMBI ABO BAPHAMBILI KWIDRAMA.

ISIMO SENTLALO

Isimo sentlalo siphuhlisa indawo apho ibali lenzeka khona, ixesha elenzeka ngalo izinto ezenziwa ngabalinganiswa, izinxibo, inkolo yabalinganiswa kunye nomxholo.

- Ixesha
 - UNomaMpondomise noGugulethu umele ixesha lokungena kwefuthe laseNtshona.
 - UMaGaba noZwilakhe bamele **ixesha lamandulo**
 - Uninzi lweziganeko zenzeka emini – isiganeko sokubulawa kukaThobeka nentsapho yakhe senzeka ebusuku.
- Indawo
 - Ezilalini zaseGcuwa eZazulwana, naseNgcolosi kuTsolo.
 - Ezilalini kuhlaliwa kwizindlu zengca, iintlanti, neembiza zaphantsi.
- Izakhiwo
 - Igumbi lokubasela (ezilalini)
 - Indawo ahlala kuyo uGugulethu (eMthatha)
 - Isakhiwo esiyinkundla yamatyala
- Izinxibo
 - Kunxitywa imibhaco
- Inkolo neenkolelo
 - Ukubonelwa umfazi yinkolo yesiNtu
 - UGugulethu ulindela kubazali phambi kokuba athethe ngokuthatha umfazi ebonisa ukubamba inkolo yesiNtu.
 - UZwilakhe **uzimela ngesiko** ngokungathi ulandela isiko elo xesha ukholisa umfazi wakhe uMagaba akafuni kuphoxa yena azenze ixoki kuye kuba kaloku bebesele begqibile bona okokuba bafuna uThobeka hayi enye intombi.
 - Ngaloo ndlela ebesele elophulile isiko eli alilisela ngalo kuba indaba zasebuhlanti ziqalwa khona ziphelele khona aziqalwa ezingubeni.
 -
- Intlalo/ imo ntlalo
 - Ukusetyenziswa kwamahashe umzekelo uGugulethu noMzamo baye ngamahashe emtshatweni kwaNgoqo. Kuhanjwa imigama emide ngeenyawo njengoko uMaGaba ezibika ukudinwa xa ebevela emtshatweni kwaNgoqo kwilali engaphesheya kwale yaseZazulwana
 - Kuyalinywa
 - Kufuyiwe
 - Ulutsha lunefuthe lemfundo
 - IsiNgesi sikaMcunukelwa sibonisa ukuba ufundile
 - Ukukhutshwa kweenkomo yintombi xa yala isoka.
- Uhlobo lwabantu
 - Isifundiswa – ulutsha
 - Abantu abasabambe undebe-ndala – uZwilakhe noMaGaba.

Apha kule ncwadi isimo sentlalo **singxabalazile** kuba ibali lenzeka emaphandleni **eGcuwa eZazulwana nakuTsolo eNgcolosi** ezilalini kanti nasedolophini **eMthatha** apho wayesebenza khona uGugulethu kanti namatyala ayexoxwa khona.

Le ncwadi uBuzani kubawo yincwadi ebonisa iyantlukwano yabantu ngenxa yexesha.

Utata kaGugulethu uZwilakhe uphila **kwixesha lamandulo** apho umntwana wayebonelwa isoka okanye intombi amakayitshate. Kanti yena uGugulethu kunye nobawokazi wakhe uZweni **baphila kwixesha langoku** apho umntu azikhethela ngokwakhe umntu amakamtshate.

Eli bali liqala eGcuwa eZazulwana kwaZwilakhe apho siva ukuba uNozipho uhleli yedwa kwindlu enomsi kuyacaca ukuba kuse zilalini nyani apho kubaswa phantsi xa kuphekwa.

Apho sibona utata kaGugulethu elukuhlwa ngumfazi wakhe uMagaba ukuba uGugulethu kufuneka etshate uThobeka kuba yena Magaba embona enomfaneleko wokuba ngumfazi.

Ukanti **naseNgcolosi kulo NomaMpondomise** nabo **basadla ngondebe ndala** banyanzela uNomapondomise ukuba atshate noMcunukelwa angazange wathandana naye.

Umbhali uyasizobela **ukuba abantu ngeli xesha** bebekuthanda ukusela utywala kuba ibali liqala nje sibona uZwilakhe efika emzini wakhe elusele walosulela entloko ubhelu lomsele.

Nabo ooGugulethu kuyacaca bazeke mzekweni kuba nabo siyeva ngexesha baya emtshatweni beyojonga uNomaMpondomise bagqitha kwaMamJwarha beyokufuna utywala singatsho sithi bayokusela umqombothi kuba siva xa begqiba kusela bathi makubekwe isikali, isikali ke yibhekile engumlinganiselo wotywala obo.

Apha kukho ukungavisisani phakathi kwaMahlubi into ebonisa ukuba amanye aMahlubi **aphila kweli xesha** kuba wona axhasa uGugulethu ukuba atshate umntu amfunayo, ngelixa uyise ekhaba ngawo omane esithi akazuzenza ixoki newexuwexu uGugulethu uza kutshata uThobeka intombi kaMcothama.

Abalinganiswa **bafuyile** kuba siyeva uNomapondomise ukuba wakhupha iinkomo awayelotyolwe ngazo nguMcunukelwa ngethemba lokuba uGugulethu uza kumtshata.

OoGugulethu ngelixa besiya emtshatweni babeqabele amahashe.

Abalinganiswa umbhali ubazobe njengabantu ababahlonelayo abantu abadala, siyabona pha kuMahlubi ancama athoba iminqonqo balandela oko uZwilakhe akutshoyo kuwo bayokucela uThobeka nangona wona ayengavumelani naye.

UZwilakhe nangona ephila kwixesha lamandulo kodwa wayenenkolo **yobuKrestu** kuba unyana wakhe watshatiswa ngumfundisi ecaweni.

Umbhali usizobela nje mhlophe okokuba le ndawo **yayinefuthe lobudolophu** kuba siyabona emtshatweni kaGugulethu uMzamo wabulawa nguNimrode ngokumhlaba ngemela eso sixhobo sisixhobo esisetyenziswa ezidolophini xa kusiliwa, ezilalini abafana balwa ngeentonga.

Kule ncwadi siyaboniswa ukuba **lixesha langoku** apho amatyala amakhulu ayexoxwa enkundleni kaMantyi eMthatha apho uNomampondomise wayebambise uGugulethu ngokumthembisa ngomtshato waze akamtshata.

UGugulethu wagwinta uThobeka kunye nabantwana bakhe ngelixa uyise wakhe uZwilakhe wayebathumele kuye eMthatha, naye ityala lakhe laxoxwa ngumantyi apho waze wagwetywa intambo.

Umbhali abalinganiswa bakhe ubenze baxube isingesi xa bethetha ukuqaqambisa ifuthe laseNtshona into ebonisa ukuba banesikolo.

ABALINGANISWA NENDLELA YOKUZOBA ABALINGANISWA

- **Abalinganiswa bazotywa ngolu hlobo:**
 - Uzobo ngqo
 - Uzobo ngokumayana

- **Uzobo ngqo**

- Umbhali unakho ukumchaza ngokwakhe umlinganiswa.
- Inkangeleko yomlinganiswa
- Kusenokusetyenziswa izibongo ukuchaza umlinganiswa

- **Uzobo ngokumayana**

- Umbhali umenza umlinganiswa aziphuhlise ngokwakhe ngamazwi akhe, nezimbo zakhe.
- Umbhali usenokumchaza ngezinto ezithile umlinganiswa
- Incoko yabalinganiswa ingadlala indima ekuthiyweni kwabo.
- Umbhali ukhetha igama lomlinganiswa kuba efuna ukuzalisekisa injongo ethile ebalini

IINTLOBO ZABALINGANISWA

1. Umlinganiswa oyintloko

- Ngumsunguli webali nentshukumo
- Ibali lijikeleze yena kwaye uveliswa kwasekuqaleni kwebali
- Uvela enesidingo/imfuno/ingxaki anayo
- Uzama ngandlela zonke ukufezekisa isidingo sakhe
- Kukho imiqobo ebengela ukuba kungab ilula ukufumana into ayifunayo
- impixano ekhona iza ngaye
- Unabaxhasi nabachasi

Ngokwalo mdlalo umlinganiswa oyintloko nguGugulethu kuba ibali lonke lizunguleze yena, unqwenela ukutshata intombi ayithandayo, uNomampondomise koko abazali bakhe ababoni njalo.

Liyinyani elithi umlinganiswa oyintloko ibali liqala ngaye liphele ngaye kuba apha ibali liqala ngoGugulethu enyanzelwa ngomtshato, liphele ngaye esohlwaywa ngesenzo sakhe esibi sokubulala lowo ebetshatiswe naye ngenkani kunye nenzala yakhe. UGugulethu ebelangazelela ukutshata uNomampondomise kodwa akakwazi ngenxa yabazali bakhe kodwa wayilwela loo nto kuba ekugqibeleni uthe makuthathwe isixa semali yakhe kulotyolwe umfi uNomampondomise, kwaye naye ze kuthathwe umzimba wakhe uyongcwatywa ecaleni kukaNomampondomise.

2. Umchasi:

- Uchasene nemfuno zomlinganiswa oyintloko
- Uxhokonxa iingxaki eziphixanisa umlinganiswa oyintloko

Ngu Zwi lakhe ochasa uGugulethu kwinzame zakhe zokuzeka umntu amthandayo, uvela nesiko lakudala lokubonela. UZwi lakhe ngumlinganiswa ongumchasi kuba nguyey oxabe endleleni kaGugulethu nangona ebeyalelwa nguMagaba kodwa uMagaba ebengaveli eluntwini uluntu belubona yena. Inkani zakhe zabangela indyikityha yokufa engeva kuboniswa nakunqandwa. Lowo ebemlukuhla waphela ezibulala wamshiya yedwa.

3. Umphixanisi/ Umphembeleli:

- Ugalela amafutha emlilweni, uzama kangangoko ukuba Ingxabano yababini iyephambili.
- UMagaba nguyena mphixanisi kuba nguyey olukuhla umyeni wakhe ngokuzekela uGugulethu.

4. Ikholwane:

- Ngowexabiso, umxelela zonke iimfihlo nenjongo zakho.
- Ungumlinganiswa othenjiweyo, uhlobo lunye nomlinganiswa lowo.
- UMzamo ngumhlobo wenene kuGugulethu unaye ngamaxesha Uyamkhuthaze xa efuna ukutshata.

5. Unozakuzaku:

- Ngumlinganiswa ozama ukuhlanganisa abalinganiswa abangaboni ngasonye angenelele. Ootatomncinci baka Gugulethu.

ABALINGANISWA NGOKWEZIMO ZABO

1. Umntu gqibi/ongqukuva:

- Uneempawu ezintle kunye neempawu ezimbi.
- Siyakholelwa kuye kuba uyafana nabanye abantu esiphila nabo.

Ngulo kuvela amacala amabini kwisimo sakhe icala elihle kunye nelibi.

Sifunda lukhulu ngalo mlinganiswa kuba ungumzekelo womntu ophilayo (umntu- ggibi). Kaloku wonke umntu uba nazo iimpazamo azenzayo ebomini. Apha kule ncwadi uGugulethu kunye noNomaMpondomise bangqukuva.

- UGugulethu ngumlinganiswa ongqukuva kuba ebekhula emamela abazali bakhe, kodwa uthe esakunyanzelwa ngomfazi angamfuniyo waqala watshintsha kwisimo sakhe.
- Wala ukutshata uThobeka, wathi sele esecaweni akavuma ukwenza izifungo zomtshato.
- Akasayina esithi wonzakele.
- Buye baphela ubuntu kuye kwavela ubulwanyana, siyeva indlela abulala ngayo uThobeka nabantwana bakhe.
- UNomaMpondomise naye ugqukuva kuba uye wabavumela abazali bakhe bamtshatisa nendoda angayifuniyo kwade kwalotyolwa, kodwa uphinde watshintsha ingqondo esakubona uGugulethu.
- Siyambona ebiza uMcunukelwa ukuba aze kulanda iinkomo zakhe kuba esithi akamthandi.
- UMcunukelwa umcenge wamncama, yala intombi, zakhutshwa iinkomo washiyeka ebambelele esidleleni uLangeni uyise.
- Le ntombi ibingasenaxesha lehlazo alifaka kubazali ibifuna le iyifunayo.
- Uthe esakuva ukuba uGugulethu utshatile waya kumbambisa engenaxesha lamntu.
- Uthe esakubona ihlazo akulo wagqiba ekubeni azibulale ngokuzoyelisela emlanjeni.

2. Ucalanye/osicaba:

- Akaguquki uhlala eyinto enye
- Akachukinyiswa nto/akatshintshwa nto.
- Olu hlobo luthanda ukusetyenziswa ngababhali abanjongo ikukushiya imfundiso ethile.
- Ngulo kuvela icala elinye kuphela kwisimo sakhe, nokuba lihle nokuba libi, liya kuba njalo ke kude kuphele ibali. Aba ke abanguwo umzekelo wabantu abaphilayo kuba akakho umntu onecala elinye ebomini.
- Apha kule ncwadi sinabo abalinganiswa abasicaba, uZwilakhe kunye noThobeka

- UZwilakhe oko ethe uGugulethu makatshate uThobeka uphele esatsho.
- UThobeka naye usicaba kuba umbhali umzobe njengomntu othuleyo othobela imithetho yabantu abadala.
- Uye watshatiswa ngenkani nendoda angayifuniyo naye eyibona ukuba ayimfuni kodwa wahlala emzini, wade waba nabantwana abangengabo obomyeni.
- Uyaphinda uyavuma ukuya kuGugulethu emva kweminyaka elishumi indoda yamshiyayo phofu uya nabantwana abangengabo obomyeni.

UMXHOLO

- Sisishwankathelo sokuba lingantoni ibali/ Undoqo webali
- Ngowona mongo ongundoqo/ okanye olona luvo elibangela ukuba kube khona ibali.
- Ngumcamango oyintloko othungela lonke ibali ukusuka kwintshayelelo ukuya kwisiphelo salo.

- Ngulo msonto olibambileyo othi uthungele okanye ubandakanye nabalinganiswa nezinto abazenzayo ezithi ziqaqambise umcamango ophambili webali.
- Lo mcamango uhamba uthungele nesimo sentlalo sibe nefuthe okanye igalelo ekuphuhliseni lo mcamango uphambili.
- Umxholo uphuhliswa ngabalinganiswa ngokokusetyenziswa kwabo okanye ngendlela ababunjwe ngayo.

Umbhali ubhebhetha isithethe sokutshatisa umntwana ngenkani okanye ngebhaxa nomntu engamthandi.

Liqhawula abantu abasele beqhogene, benkonyene ngeengalo zothando

Eli siko lidala izimilo ezibi ebantwini

Eli siko liyasijika isimilo somntu azibone sele engumgewu

IMPIXANO

- Ngundoqo okanye Sisihlala sebali /somdlalo/. Ngaphandle kwayo ibali linganomdintsi onganyamezelekiyo. Idalwa kukungavisisani kwabalinganiswa ngezinto ezithile.
- Inokubonwa ngamehlo okanye iviwe ngeendlebe

- Impixano lungquzulwano, ukrutha-kruthwano, uxambuliswano okanye, ukulwa phakathi lwezinto ezimbini ezichaseneyo mhlawumbi ukukhabana kwezimvo.
- Apha kwimpixano kungquzulana umlinganiswa oyintloko omele uluvo oluthile aze umchasi wakhe amphikise angavumelani naye ngokwezimvo.
- Indidi mbini- eyangaphandle neyangaphakathi

Eyangaphandle

- Ingaphakathi komntu nomntu/ umntu nabantu/ abantu nabantu bengavisisani ngezimvo
- Kwezininzi zanamhla iincwadi zomdlalo iphakathi komntwana nabazali ngenxa yexesha ngokubhekiselele kwimiba yezithethe namasiko
- Ingaphakathi komlinganiswa nentlalo
- Ingaphakathi komlinganiswa nenkolo.

Unobangela wongquzulwano kule ncwadi “**uBuzani Kubawo**” kukunyanzeliswa /ukukakazwa, ukufunzwa kuka Gugulethu ngentombi angayifuniyo nangayithandiyo egama layo linguThobeka, intombi kaMcothama ngebhaxa nguyise uZwilakhe. UZwilakhe ufuna kwenziwe into ethandwa nguye. Uthi lisiko ukuba umfana abonelwe intombi amakayizeke. Ufuna uGugulethu azeke uThobeka. Akafuni kucetyiswa uyatyhudisa kanti uGugulethu unantombi yimbi afuna ukuyizeka egama layo linguNomaMpondomise, intombi kaLangeni.

UThobeka kwelakhe icala uzifumanisa esembindini wempixano ngokunyanzelwa ngomntu angamaziyo phofu naye angazange wamthanda naye nongazange abhekise nelimdaka ilizwi kuye ngezothando. UThobeka uyala ukutshatela kuGugulethu kuba esithi akamazi. Abazali bakaThobeka bayamnyanzela nabo kwelabo icala kuba besithi uzelwe, kwaye uyalawulwa, makangaziphathi ephethwe, angazenzi abantwana beli xesha abafuna ukwenza intando yabo. [Ph 84]

- uThobeka uzifumana elixhoba lempixano ngenxa yokuthobela abazali nesiko kuba besithi abazali lisiko nesithethe kwaXhosa okokuba ithi intombi okanye umfana akufikelela exabisweni lobudala abonelwe intombi okanye isoka ngabazali bayo.
- UThobeka ubonakala apha engenamqolo wokuzimela nokuveza ezakhe izimvo ngalo mba, akanalizwi lokuphikisa abazali, uyazihlupha nje ngokwala

kodwa ugqibela evuma ukuya emzini asiwa kuwo ngebhaxa ngoba ephantsi kolawulo labazali. Intlonipho, ukunyhashwa kwamalungelo, ukungahoywa kweezimvo zabo kubenza bazibone bephakathi kweengxaki abangakwazi ukuzikhupha kuzo.

- Xa betshata ecaweni uGugulethu noThobeka betshatiswa ngumfundisi, uGugulethu akafuni ukuthetha. UGugulethu akafuni kwenza isivumelwano noThobeka ecaweni, into ecacisa mhlophe ukuba akamfuni uThobeka ude axolele ukuzenza owonzakaleyo, nemibuzo ebuzwa kuye uthi mabayibuzwe kuyise. Le mpendulo inika uyise uZwilakhe igunya lokuba angabuyi ngamva kwisigqibo sakhe sokuba uGugulethu atshate uThobeka. Ugqiba kwelokuba makamenzele yonke into.
- NoGugulethu ufunga akajika kwisigqibo sokungamfuni uThobeka, ude angavumi ukusayina emva kokuba ezenze owonzakeleyo esandleni. Nto leyo ebangela uZwilakhe ukuba afune ukumsayinela ngokwakhe. [Ph 101] Apha sifumana ungquzulwano lwezimvo .UZwilakhe ungumntu okholelwa kumasiko nezithethe kodwa apha ulandela isiko laseNtshona ekutshatiseni unyana wakhe. Usebenzisa inkonzo elawulwa ngumthetho kaThixo abe yena enyanzelisa owakhe umthetho ukufezekisa intando yakhe.
- uZwilakhe uthumela uThobeka kuGugulethu eMthatha nabantwana abathathu. UGugulethu akakwazi nokunkwalambisa ngenxa yenzondo anayo. Uyababulala noThobeka
- uThobeka ushiywa nabantwana bekhala kukulamba engenanto yokubanika de baphathelwe ukutya lipolisa elinguBaleni igama.
- UGugulethu ugqibela emxabela ambulale uThobeka nabantwana bakhe.[Ph 137] Ulixhoba elimsulwa nelifela into engekho nangayaziyo. Zange wakufumana ukonwaba emzini wakhe de wafa ngenxa yezimvo zikaGugulethu noZwilakhe ezingquzulanayo. Iziphumo zempixano ibe kukugwetywa kukaGugulethu egwetyelwa ukufa ngenxa yokubulala uThobeka nabantwana bakhe abathathu. UMagaba uphetha esifa naye njengoko inguye umphemeleli wempixano.[Ph 147]

IMPIXANO YANGAPHAKATHI

- Apha umlinganiswa ulwa umphefumlo wakhe, akukho konwaba. Ngenxa yokujaceka komphefumlo umlinganiswa maxawambi uthanda ukuba likheswa.
- Ngenxa yeengcinga ezimongameleyo wumbi ude athethe yedwa ekhupha imbilini ngoko kukrekretha umphefumlo wakhe.
- Akafuni iindawo ezinabantu Umphefumlo wakhe ujacekile ehlungiswa yinto ethile.

Apha kule ncwadi yethu, uBuzani kubawo, “UGugulethu akatyhilekanga ungqengqeqongeni ujongise umetyiso phezulu [Ph 69]. Simfumana kwakhona uGugulethu ethetha endlwini yedwa. Uyazula uphatha kungqubeka emnyango abuye aphindele entla ngenxa yomvandedwa. [Ph 69]. UZweni xa eyokukhangela uGugulethu ufike ezula endlwini ethetha amazwi amanye esesiwavile athi “Buzani Kubawo”, engabunanzanga ubukho bukaZweni engathi akamboni.

ULWIMI NESIMBO SOMBHALI

- Le yindlela umbhali asebenzisa ngayo ulwimi olutyebileyo, amagama namabinzana adala imifanekiso ntelekelelo, imiqondiso, izaci namaqhalo nezafobe, izivakalisi ezide okanye ezifutshane.
- Ulwimi lungasetyenziswa ngeendlela ezimbini eziveza iintsingiselo ethe ngqonentsingiselo efihlakeleyo.

Umbhali apha usebenzise izaci namaqhalo ukunononga ulwimi lwakhe mve xa esebenzisa uMkunukelwa ukuphuhlisa isakhono sakhe sobugcisa bolwimi, uthi kuNomampondomise kungathi kanti ulahla imbo yakhe ngophoyiyana, kanti yena uZweni uthe kuZwilakhe aze alumke athi egawula abe ebheka.

INGXOXO NJENGESIXHOBO SEDRAMA

- Ingxoxo sisiseko sedrama, kuba yile ntetho / incoko / imbambano phakathi kwabalinganiswa ngomba othile.
- Kwincoko yoyedwa umlinganiswa uthetha yedwa ephalaza imbilini yakhe ngaloo nto imtyayo, kulapho abaphulaphuli bekrotyiswa kwiingcinga zakhe ezifihlakeleyo.

- Ingxoxo yabalinganiswa etyhila izimo zabo namahlandinyuka okuza kwenzeka de kufikelele kwiziphumo nesiphelo sebali.
- Ingaba ingxoxo ethile apha emdlalweni ibotshelwe ukuba idale ivuso ngenxa yezinto eziqhambuke kuyo nendlela ezibekwe ngayo?
- Inokusityhilela ngengqondo ubulima nobuchule babalinganiswa.

Umzekelo: uZwilakhe noMagaba (p48) ngokulinganayo baxolele ukujinga iliso kunokuba bangamkhethe umfazi unyana wabo. (Kwelinye icala, p72) uGugulethu noMzamo baxolele ukujinga iliso kunokuba bangamfumani umfazi wentliziyo kaGugulethu.

ISIGQEBELO

- Yimeko eyenzeka ebalini apho abafundi bathi babe nolwazi angenalo yena umlinganiswa ngelo xesha ngento esenza kwenzeka kuye okanye kwabanye abalinganiswa.
- Kukusetyenziswa kwamagama ngendlela yokuba eyona ntsingiselo yokuthethwayo ifihlwe okanye iphikiswe
- Kukusebenzisa intetho enentsingiselo engundoqo/ yentsusa nefihlakeleyo, eyahlukileyo kuleyo ingqalileyo
- ISIGQEBELO SEDRAMA: umlinganiswa uthetha into echaseneyo nentsingiselo yayo. Ababukeli bazi ngaphezu kokuba abadlali besazi kangangokuba izenzo zabadlali zinentsingiselo engenye kuneyababukeli. Le into ithethwa ngumlinganiswa ngesimo somnye, ababukeli/ abafundi bayazi ukuba ijolise kuye kanye.
- Kulapho abalinganiswa benza izinto bengazi babe bona abafundi bencwadi sebetyhilelwe/ abalinganiswa banolwazi olwahlukileyo kolwabafundi.

Isigqebelo

- Isenzo siphuma kwinkalo ethile ebe ingalindelekanga.
- Endaweni yokukhula komzi kaMaGaba ngokufika kuka molokazana, umzi uyachithakala kuvele nezidumbu.

IZALATHISI ZASEQONGENI

- Ngamagama abhalwe ngefonti ekekeleyo kwizibiyeli

Umsebenzi wazo:

- Kukuveza imbonakalo nemo yemvakalelo yabalinganiswa
- Iveza isimo sentlalo
- Kukuchaza iziganeko okanye iintshukumo ezingenakuvela eqongeni
- Kukuthi gqolo benika ababukeli ulwazi ngokuqhubekayo nokuza kuqhubeka

IZIGANEKO NGOKULANDELANA KWAZO

- Ukufuna ukuzekela uGugulethu intombi angayithandiyo nguZwilakhe.
- Ukuvunywa kwesicelo somtshato sikaGugulethu nguNomampondomise.
- Ukutshatiswa kukaGugulethu ngenkani nomntu angamthandiyo.
- Ukukhutshwa kweenkomo nguNomampondomise.
- Umtshato kaGugulethu:
 - Utyikityo olwenziwe nguZwilakhe ngomtshato endaweni kaGugulethu.
 - Ukuhlatywa kukaMzamo emtshwateni kaGugulethu.
- UNomampondomise umangalela uGugulethu.
- Ukuzeyelisela kuka Nomampondomise emfuleni(eMthatha)
- Ukusweleka kukamama kaNomaMpondomise
- Ukutshipha kuka Gugulethu eMthatha angagoduki.
- Ukuthunyelwa kwabantu nguyise bazokumkhangela uGugulethu eMthatha
- Ukuthunyelwa kosapho lukaGugulethu kuye.
- Ukubulawa kosapho lukaGugulethu nguye.
- Ukubanjwa kuka Gugulethu
- UGugulethu uyagwetywa/ugwetywa intambo.
 - UMagaba uzityisa ityhefu uyafa.

INOVELI: INKAWU IDLIW'ILILA: S. KULA

Yintoni iNoveli: Luncwadi olubhalwe ngumbhali ebalisa gabalala, ecingela ubude bebalu alichazayo okanye sisenokuthi libali elide elinye eliqingqwe ngumbhali ngenjongo yokudlulisa umyalezo othile malunga nengxaki yentlalo okanye ukunika isisombululo kwiintsindabadala zobomi. Ibali kufuneka libe nokuqingqeka okubonisa ukubambana kwalo. Ngamanye amazwi zonke izinto ezilapha ebalini mazisebenzisane, zihambelane, zingenane ngendlela enocwangco.

1. INKQUBO YAPHAMBI KOKUFUNDA:

- Bonisa umphandle wencwadi bajonge ulwazi olufumanekayo, umz: iqweqwe lwencwadi, isihloko sencwadi, umbhali, imbali yombhali, unyaka eshicilelwe ngawo (kwiphepha lokuqala)
- Ukukrwaqula nokubalekisa amehlo ukhangela iindawo ezithile zencwadi umzekelo: isihloko, isalathiso, izahluko njalo njalo.

2. INKQUBO YANGELI XESHA UFUNDAYO

- Bajonga ze bachonge isigama esingaqhelekanga nemifanekiso, baze banxulumanise netekisi
- Badwelisa zonke iziganeko eziqhubekayo ebalini.
- Bayahlalutya

3. INKQUBO YASEMVA KOKUFUNDA

- Kuphendulwa imibuzo emalunga netekisi ukususela kwimibuzo elula ukuya kwenzima
- Ukuhlalutya incwadi (ukuthelekisa nokuchasanisa, ukucazulula/ukuphicotha, ukuphonononga, ukwenza isigqibo, ukudandalazisa uluvo lwakho
- Abalinganiswa mabadweliswe bahlengahlengiswe ngokwendima abayidlalayo nangokweendidi zabo.

UKUFUNDISWA KWENOVELI

- Kufuneka bazi umahluko phakathi kokubalisa (**kwenzekani emva koku?**) nesakhiwo (**kutheni kwenzeke oku?**);
- Ukuze bacinge ngeentsingiselo ezilindelekileyo nokuhlalutywa kwebali; bajonge indlela umbhali alusebenzise ngayo ulwimi
- Ukuzoba abalinganiswa (ingcaciso nentetho-ngqo):
- Indima yabalinganiswa,

- Isimo sentlalo,
- Ukujonga imbono esekwe phezu kwayo inoveli umz. ngokwezenkolo, ezopolitiko, ezentlalo, ezoqoqosho.

Okubalulekileyo xa kufundiswa inoveli

- Abafundi mabalonwabele ibali ukuze lihlale lihleli ezingqondweni zabo.
- Ukwandisa ulwazi lwabafundi malunga netekisi mabazi:
 - Isakhiwo nesakhiwana (intshayelelo, ukukhula kwempixano, uvuthondaba, isisombululo nesiphelo),
 - into eyenzeka ngaphambili komboniso-bhanyabhanya (*flashback*) ubuyomva, uphuphelo.
 - Impixano
 - Ukuzotywa kwabalinganiswa
 - Indima yombalisi / kanobalisa
 - Ukucacisa nokuhlalutya imiyalezo nemixholo
 - Imvelaphi nesimo sentlalo ngokunxulumene nomlinganiswa nomxholo
 - Imo, isigqebelo nesiphelo
 - Ukulandelelana kweziganeko

IINDIDI ZEENOVELI

1. Inoveli engothando
2. Inoveli engophando
3. Engolwaphulo mthetho
4. Inoveli engezinto ezingakholelekiyo
5. Inoveli engembali
6. Engodelo ngozi

INGCACISO NGEENDIDI ZEENOVELI

Ezothando:

- Zibonakala ngokuba kube kho umntu onothando olungazenzisiyo ngakomnye umntu.
- Omnye akaqiniseki ukuba uthandwa ngohlobo athandwa ngalo angalubuyisi uthando olo.

- Iba lolo kruthakruthwano omnye efuna olwakhe uthando.
- Imiqobo iyasuswa uthando luphindele kumninilo.

Ezingesishiqi sentlalo:

- Umzali okanye umntu ohloniphekileyo entlalweni wenza izinto ngondlela ndala ongasamkelekanga okanye ngendlela engamkelekanga.
- Abanye okanye omnye akaneliseki yindlela ezenzeka ngayo izinto.
- Kubakho impixano phakathi kwesi sibini okanye amaqela amabini.
- Omnye kufuneka ade azibone ukuba ayikho le ndlela acinga ngayo alungise ke.

Ezophando

- Kukho isenzo sobugewu ekufuneka sisonjululwe
- Imigewu isenokuba yiyo yodwa kweli bali ibe ngulowo efuna ukuveza omnye. OKANYE exhaphakileyo amapolisa /abacuphi basukuzana nemigewu.
- Kukho unxunguphalo, amaxhoba nomkhondo oman'ukwakhelana ngokuya likhula ibali.
- Umphandi/ umlinganiswa oyintloko iba ngumcuphi okanye ipolisa okanye nabani na oveze umdla ngezizathu zakhe kulo mba.
- Kusetyenzwa ngale micu yomkhondo bade bavele abenzi bobubi kodwa konke oku kumenza lowo ucuphayo abe semngciphekweni.
- Lusenokubakho uthando olufafaziweyo ukuze ibali lingadiki kungenjalo abo bebekunye ekuphandeni baphele bethandana.

Ezolwaphulo mthetho

- Kubakho umlinganiswa ozenzo zibi, owenze isenzo esihlasimlisa umzimba, ingakukubulala okanye nasiphi na.
- Kukho umlinganiswa ozenzo zihle osebenzisa umthetho ukohlwaya ozenzo zibi.
- Akukho bunzulu bunikwayo ngesenzo eso simasikizi.
- Senzeka kwintlalo yabantu basesikolweni.
- Isenzo sokubulala sisonjululwa lipolisa elinobuntu.

- Esakufunyanwa ohlwaywe umbulali /umenzi wobubi, izinto zonke zibuyele esiqhelweni.

IPLOTI/ ISAKHIWO SEBALI

- Xa sithetha ngeploti sithetha ngobuchule bombhali bokulandelelanisa iziganeko zebali ukuze kubonakale indlela ezakhelana ngayo iziganeko zebali.
- Sisoloko sizibuza ukuba bekutheni ukuze yenzeke into ethile apho ebalini ukubonakalisa ukubaluleka kokunxibelelana.
- Oku kunxibelelana noku kwakhelana akuqhubeki lula engekho unobangela neziphumo. Le nto ithetha ukuba iziganeko ezihlayo zinezizathu zokuhla
- Nalapha iziganeko ziyalandelelana kodwa umbalisi usenokuqala ngesokugqibela aman'ukukuphindisela ekuqaleni ngobuchule obubizwa ngokuba lubuyomva (flashback) asebenzise amakhonkco okudibanisa isiganeko ebesele sidlulisiwe. Ibalasele kakhulu into yokuqwalasela unobangela neziphumo.

ISAKHIWANA

- Yintshukumo encedisayo, ehamba calanye nesakhiwo esiphambili kwinoveli okanye kumdlalo.
- Sifana nebali elifutshane sifumaneka phakathi kwisakhiwo kodwa siba nentshayeleyo, isiqu nesiphelo.
- Yindlela esetyenziswa ngumbhali ukolula ibali lakhe ukuze lingafiki msinya kuvuthondaba, udla ngokusebenzisa umlinganiswa okufutshane nomlinganiswa oyintloko.
- Ibali liyakwazi ukuqhubeleka naxa singekho isakhiwana.

Umzekelo: Kwincwadi yethu: **INKAWU IDLIW'ILILA** kukho isakhiwana seballi apho uMfuneko noNqoza besenza iyelenqe lokutyisa uMfezeko ityhefu ngenxa yokokuba besithi uzenza ipolisa elinengqondo yedwa kwesa sikhululo sabo. Uyagula uMfezeko ayosinda esibhedlela, bafike bambe bamse kwixhwele uNyangayethu ukuze amtshise ngovutha. Nalapho abakhange baphumelele (ifumaneka kwisahluko 9,10,11).

INOVELI: INKAWU IDLIW'ILILA: S. KULA

Eli qhalo lithi, “inkawu idliw’ílila” lithetha ukuba akukho sizi nganto.

Amanqanaba esakhiwo

1. Ingabula zigcawu
2. Ukuyondelelana kwezinto
3. Uvuthondaba
4. Ukusonjululwa kwezinto
5. Isiphelo

1. INGABULAZIGCAWU

- Sithiwa ntlo ngantlanye kubalinganiswa abaphambili,
- Benza izinto ezithile,
- Kwanekwa umcimbi ekuza kuba ngawo ,
- Izithole/ukuntshula kwempixano kuyavela.
- Isimo sentlalo: lenzeka nini, liqhubeka phi ibali.
- **Kule noveli yethu** umbhali usivezela abalinganiswa abaphambili kwisahluko soku-1 (p16) sivezelwa uThantaswa ethetha noMfuneko.
- Asanelanga ukufumana abalinganiswa bodwa koko siphinda sifumane ingxaki eza kudala usoze wempixano, sivezelwa ukugwintwa kukaMsindisi.
- Kwalapha kweli nqanaba umbhali usixelela ngomlo ophakathi kukaMfuneko Mnenga noMfezeko Mapheza bangamapolisa bobabini, Mfezeko lowo oza kuba ngumcuphi kwityala lokubulawa kukaMsindisi.
- Ukuphuma kwesisu sikaThantaswa sikubona njengokuntshula kwezithole zempixano.

IXESHA: Lixesha langoku,

- uThantaswa usebenzisa unomyayi/iselula, kulalwa ezibhedini(p16).
- Uhlobo lwemoto ahamba ngayo uMsindisi yimesedisi.

INDAWO: kusedolophini nasezilalini.

- **Edolophini:** ukusuka eMtata ukuya eDutywa (p20 ukuhlangana kukaThantaswa noMsindisi)
- Umzi ka Msindisi usedolophini eGcuwa,
- **Ezilalini:** Ikhaya likaThantaswa lisezilalini zaseDutywa

- uMsindisi uzalwa kwilali yaseNtabezulu kuCentane.

2. Ukuyondelelana kwezinto

- Ukuyondelelana kwebali- ziyakhula iziganeko nomoya wempixano uya ukhula ngokukhula- ubheka phambili, elowo umntu ubambe umzimba ukuba kuza kwenzeka ni, izimo zabalinganiswa ziyadula/ ziyavela
- Iyalwatyuza impixano yenza umsebenzi wayo, iyadlwayiza, abalinganiswa bakwiingxaki eziphotheneyo ngakumbi abaphambili, umlinganiswa uthi esongula olu ucwambu kube kuvela olunye.
- Ukudibana kukaThantaswa noMsindisi kuqale uthando lwabo batshate
- UThantaswa uyaziveza ukuba utsalwa bubuhle bemoto kaMsindisi
- UThantaswa uyamitha aze aphume isisu
- Ukubuyelana kukaThantaswa noMfuneko, izinto abazincokolayo ukubhaqwa ngumyeni wakhe engalalanga ekhaya.
- UThantaswa uphinde eve ukuba umyeni wakhe uceba ukuzeka isithembu.

UKUKHULA KOMDLA

- Uzakuthini uMsindisi akuva ukuba umfazi akafumani bantwana.
- Ucinga ngesithembu

INTLABA ZAHLUKANE

- Iyakhula impixano xa uThantaswa noMfuneko bequlunqa iinzame zokubulala uMsindisi.
- UMsindisi uxhaswa ngabantakwabo ukuba athathe isithembu.
- uMfuneko uxhasa uThantaswa ukuba abulale uMsindisi kuba ejonge inzuzo.
- UThantaswa uxhaswa ngumama wakhe. Kwakhona uThantaswa ungquzulana nomthetho- umchasi wakhe nguMfezeko ongumcuphi kwityala lokubulawa kukaMsindisi.

3. Uvuthondaba

- Kubi kumacala omabini akukho kubuya mva, zizaqhwithi zodwa, elowo umlinganiswa uzijule ijacu, umonde wokunyamezela uphelile, elowo umlinganiswa ophambili uthi mayisuke yehle ehlayo.

- Ukubulawa kukaMsindisi (p61) UThantaswa ulungiselela umyeni wakhe ozakuthabatha uhambo oluya eThekwini, ukanti uThantaswa sele zilungisile izikrelemnqa zakhe eziza kubulala uMsindisi. UThantaswa uvezwa njengomntu ogabadeleyo ekungcoleni. Uthandazela ukuba uMsindisi abe nendlela entle kodwa uyazi ukuba uneyelenqe ngaye.
- Ukuphandwa kukaThantaswa
- UMdlambila noThantaswa batshintsha incwadi yamafa.

4. Ukusonjululwa kwezinto

- Kweli nqanaba sifumana ukusonjululwa kwamaqhina ebefumaneka ebalini
- Impixano ijonge esiphelweni
- Kuziwa nesisombululo nokuba isisombululo eso sineziphumo ezikrakra komnye wabalinganiswa abaphambili
- Izishiqi ziyakhululwa, ziyawululeka wonke umntu uvelile.
- Ukupatyalaka kwecebo likaMdlambila lokutshintsha incwadi yelifa
- UMfuneko noNqoza bayanqunyanyiswa emsebenzini.
- Izinto zijonge esiphelweni: Ibali liyathambeka, ukufa kukaThantaswa noMfuneko kukhulula abanye emxhelweni. uZimkhitha(p187) uthi, “uThixo ugweba msinya”, kanti yena uMkhokheli uthi, “Ingcibi yamanzi ifa ngamanzi, eyezikhali ngezikhali”, oku kubonisa ukuba batsho baphila nabo emiphefumleni xa nabo befe ngendlela awafa ngayo uMsindisi.

5. Isiphelo

- Ucaca poqo owoyisakeleyo, impixano iyacaca ukuba ibali ilidudulela kuliphi icala.
- Singayintlekele / isiyolisi
- Injongo yokubhalwa kwayo inoveli iphuhla mpela kweli nqanaba.
- Izigwinta zikaMsindisi ziyabanjwa.
- UThantaswa noMfuneko bafile.
- Ilifa likaMsindisi lifunyanwa ngunyana wakhe uPhumlani.
- UNqoza ugwetywa iminyaka elishumi nambini.

- Isiphelo sale noveli yintlekele kuba abalinganiswa abaphambili baphela kakubi ngokufa.

ISIMO SENTLALO

Imo-ntlalo yabalinganiswa luphawu olusisiseko. Uthi uProf Jafta kwincwadi ethi 'isisele', "imeko-bume isesona sithako siphambili ebalini, yiyo edala umoya owambatha elo bali ukuze ubuncwane balo buxhomekeke kuyo. Sisithako sokufunda ngesimo somlinganiswa novimba wentekelelo- mpixano kuba xa yahlukile imo-ntlalo yabalinganiswa abazintloko, baya kuhlabana". Kuyimfuneko ukuba umbhali abhale ngento ayaziyo ingachasani nemo-ntlalo ayiphuhlisayo.

Ababhali basebenzisa izinto ezininzi ezithile ngenjongo yokuyila isimo sentlalo esithile.

- Ixesha eliqhubeka ngalo ibali.
- Indawo elenzeka kuyo ibali liqhubela phambili isimo sentlalo.
- Ukuchazwa kwezakhiwo ngaphandle nangaphakathi.
- Izinxibo ezichaza ukuba leliphi ixesha.
- Zithini iinkolo neenkolelo ezilandelwa ngabalinganiswa.

Umsebenzi wesimo sentlalo kukuphefumlela umoya othile ebalini, ukuhlakulela into ethile okanye ukuphuhlisa abalinganiswa/umxholo webali.

Ngokwenoveli yethu: INKAWU IDLIW'ILILA

- Ixesha: lixesha langoku/ ixesha lempucuko
 - Lixesha lempucuko –uMsindisi usisityebi, ungusomashishini, uhamba ngeMesedisi.
 - ukubhalwa kwencwadi zamafa,
 - ukukrexeza kwenziwa elubala.
 - Ukusetyenziswa kweteknoloji kubonisa ukuba lixesha lokhanyo.
 - Imfundo yase yunivesithi kulutsha.
 - Intselo emva komngcwabo (after tears).
 - Namantombazana azifunelayo ebafaneni.
- Indawo
 - Ibali lethu umbhali ulibhexesha phakathi kwemimango emibini:
 - Ezilalini nasedolophini.
 - Ezilalini zaseDutywa kunye naseNtabezulu kuCentane.

- Edolophini eGcuwa
- izigwinta zihlala ematyotyombeni aseGcuwa.
- Umbhali ukhethe indawo yasedolophini apho ulwaphulo-mthetho lugabadeleyo khona, kukho imipu nootsotsi abafumaneka lula kwindawo zamatyotyombe. Yiyo loo nto ibali lethu ubukhulu becala lisenzeka edolophini.
- Izakhiwo
 - Izakhiwo zezala maxesha. UThantaswa wokhe indlu yala maxesha emzini wakhe kuCentane.
 - Izindlu ezineminxeba.
- Izinxibo
 - UThantaswa uswenke umanzi ngelaphu lasemlungwini evela kukhangela iziphumo zezifundo abezibhalile eyunivesithi.
- Intlalo/ imo ntlalo
 - Indlela zetha
 - Izibane ezilawula iimoto (robots)

IMPIXANO

- Ngundoqo okanye sisihlahla sebali. Ngaphandle kwayo ibali linganomdintsi onganyamezelekiyo.
- Idalwa kukungavisisani kwabalinganiswa ngezinto ezithile.
- Esinye sezixhobo ezisetyenziswa ngumbalisi yimpixano esenokuvela ngeendlela ngeendlela.
- Isenokuba lugxagxamiswano esilubona ngamehlo
- Isenokuba bubuyaluyalu obusengqondweni yomlinganiswa
- Isenokubonakala ngamehlo omxhelo
- Isenokuba lidela kuziphatha elixakene naloo mkhuba lizanyiselele kuwo.

Iindidi zempixano

1. Eyangaphandle

- Iphakathi komntu nomntu/ umntu nabantu/ abantu nabantu bengavisisani ngezimvo.
- Kwezininzi zanamhla iincwadi ikhe ibe phakathi komntwana nabazali ngenxa yexesha ngokubhekiselele kwimiba yezithethe namasiko
- Isenokuba phakathi komlinganiswa nenkolo.

Umzekelo wempixano yangaphandle kule noveli ithi Inkawu idliwa ilila:

- Akufumanisa ukuba uThantaswa akasakwazi kufumana abantwana umyeni wakhe uMsindisi ufuna ukuzeka isithembu, uMkhokeli umcebisa ukuba aqhawule umtshato.
- Unexhala uMsindisi ukuba sele esebenze kakhulu, xa eqhawula umtshato uThantaswa uza kuzuza kumashishini wakhe.
- UThantaswa ubuyelana noMfuneko de abhaqwe ngumyeni wakhe engalalanga ekhaya, amgoduse amse eDutywa.
- UThantaswa ufikelela kwisigqibo sokuba kungcono bangamfumani bobabini uMsindisi (yena noSiziwe). Wenz' iyelenqe lokubulala uMsindisi edibene noMfuneko umakhwapheeni wakhe.
- UMfuneko noMfezeko abavani baxatyaniswa yintombi uHlengiwe.
- Ungquzulwano phakathi kukaThantaswa nomthetho. UMfezeko nguye umcuphi kwityala lokubulala uMsindisi.

Bazama ndlela zonke ukumsusa endleleni ukuze bakwazi ukufumana imali ka Msindisi. Bamdlisa ityhefu, baya emaxhweleni, bazame uvutha.

- USiphongo uxabana noMfuneko akufumanisa ukuba uMapheza akafanga.
- UMdlambila uxabana noThantaswa malunga nentlawulo yokufihla /yokutshintsha ilifa likaMsindisi.
- UNqoza nenkosikazi yakhe uThembakazi baxabana ngenxa yeendibano anazo noMfuneko, nokumfihlela ukuba usanqunyanyisiwe emsebenzini.
- UMfuneko noNqoza baxabana namanye amapolisa emva kokuba bewaxokisile bathi uMapheza ubhubhile baza baphoxeka beyokuvela kwakhe.
- UMfuneko kunye nomthetho kuba uphazamisa uphando lokubulawa kukaMsindisi.
- UMfuneko ugxothisa amanye amapolisa emsebenzini.
- Ukungaboni ngasonye kukaMonde noMkhokheli kuba uMkhokheli esola uThantaswa ngokufa kukaMsindisi, uMonde umbona uHlumisa njengomntwana olungileyo, osindisiweyo notshintshileyo.

2. Eyangaphakathi

- Apha ulwa nomphefumlo wakhe, akukho konwaba.

- Ngenxa yokujaceka komphefumlo umlinganiswa maxa wambi uthanda ukuba likheswa.
- Ngenxa yeengcinga ezimongameleyo wumbi ude athethe yedwa ekhupha imbilini ngoko kukrekretha umphefumlo wakhe.

Umzekelo:

- Umvandedwa kubo bobabini uThantaswa noMsindisi bakuxelelwa iindaba ngugqirha.
- Akukho uthetha nomnye ingulowo nalowo udla amathambo akhe engqondo.
- UThantaswa wabhitya wangumcinga into ethetha ukuba wayengasalali ecinga ukuphulukana nelifa likaMsindisi. Oku kubhitya kukaThantaswa kubonakalisa ukuba wayengasabuthi cwe ubuthongo ngumvandedwa, nento etyiwayo ingasehli ngenxa yokujikajikana engqondweni yakhe nekamva lakhe engenamntwana wokhuko kwaYangaphi. Wayesazi ukuba umntwana likhonco elidibanisa umfazi nendoda kwelinye icala, kanti kwelinye sisikhonkwane esibethelela umfazi emtshatweni wakhe.
- Uthi uThantaswa akungalufumani ulonwabo endlwini abhenele ngaphandle, umntu ayiphalaza kuye imbilini yakhe nguMfuneko, isidala sakhe. Ukudibana kwabo kwenza ixhala kumfundi. UThantaswa uhamba abuye ngothula-nja kanti uzipholisa intliziyo koomakhwapheni. Ixhala liyonyuka kwakubonakala uThantaswa ehamba kwantliziyo-ndise.
- UMsindisi ubuya eBhayi ebusuku afike kwakhe inkosikazi yakhe ingekho endlini uba nokuzisola ngokutshata uThantaswa ecinga ukuba ulungile kanti akunjalo. Iyagixa indoda phezu kwebhedi (p52).
- Kwakhona kwiphepha (173) siyayibona le mpixano emva kokuba uThantaswa elahlekelwe yinto yonke. Kwesi sigaba uThantaswa akasabethwa nje ngabantu aphila nabo koko nangabaphantsi.
- Ukubanjwa kukaMdlambila kwiphepha (174) kuphinde kuhlikhle ityuwa enxebeni entliziyweni kaThantaswa, ukhathazekile kwaye ngathi uyayibona ukuba intambo ngakuye iyasongwa kancinci, unukiselwa yintolongo.
- UNontsikelelo zange onwabe kukufika kukaMapheza, efuna ukumxelelela ngeyelenqe lokubulawa kwakhe nguSiphongo kodwa esoyika (iphepha 150)
- Iinzame zonke zikaThantaswa zokufumana imali kaMsindisi ziwa phantsi unomvandedwa kwakubanjwa uMdlambila uzibona enelishwa
- Ubhenela ekuzibulaleni kuba ebona ukuba akazusinda ekubanjweni.

ABALINGANISWA

Indidi zabalinganiswa:

1. Umlinganiswa oyintloko

- Nguye osungula iziganeko
- Iziganeko zingqonge yena nokuba akakho isiganeko singaye
- Ngulo ubangela ukuba ibali liqhubekeke
- Unqwenela into, kubekho imiqobo ebangela ukuba iphumelele luzizi/ingaphumeleli
- Usoloko ejikelezwe ziziganeko ebalini.
- Unento ayixabisileyo ebaluleke kakhulu ebomini bakhe.
- Uba nobuthathaka anabo obuthi bumkhokelele kwisiwo sakhe.
- Unenjongo afuna ukuyifezekisa
- Wenza iinzame zokufumana le nto ayifunayo
- Kuba kho imiqobo esendleleni yakhe yokufumana akufunayo
- Uxolele ukujinga iliso, kungade kube kho indikityha yokufa kwabantu abangenasono ngenxa yakhe.
- Uyazisola ngesenzo sakhe/uba nokuzisola
- Uxolela ukufa/ uyafa/ uyohlwaywa ngesenzo sakhe

Xa sijonga bonke abalinganiswa bethu ngokwe zimpawu zingasentla, sifumanisa ukuba zonke zikhomba **kuThantaswa Ntlontlo**.

2. Umchasi:

- Usoloko echasene/ ephikisana nomlinganiswa oyintloko
- Ulenza ibali lisoloko lihambela phambili ngokuba ngumqobo endleleni yomlinganiswa oyintloko.
- Nguye ooxhokonxa iingxaki eziphixanisa umlinganiswa oyintloko;
- Uye amhoka-mhokane nokwenza izigqibo ezithile ezixhomekeke kumlinganiswa oyintloko.
- Ulandela umlinganiswa oyintloko ngokuxakeka.

Umlinganiswa ongumchasi – **nguMsindisi**, noxhaswa yena likhaya lakhe elimelwe ngumkhuluwa wakhe uMkhokheli noZimkhitha udadewabo. UMfezeko ngumchasi kaTantaswa ngakwicala lezomthetho.

3. Umphixanisi:

- Lo ke ngulo ugalela amafutha emlilweni. Uzama kangangoko ukuba ingxabano yababini iye phambili.

- UMfuneko simbona njengomlinganiswa ongumphixanisi.

4. Uvalithuba

- Umbhali ukhe axakane nebali lakhe kufuneke umlinganiswa wokuvala isithuba esithile ngokuthi abulale umlinganiswa othile okanye athi kanti akanamlinganiswa. Uye athi gqi esicithini lo mlinganiswa aphinde anyamalale. UHlomlani Tyhalithemba simbona njengomlinganiswa onguvalithuba.

ABALINGANISWA NENDLELA YOKUZOBA ABALINGANISWA

- **Abalinganiswa bazotywa ngolu hlobo:**
 - Uzobo ngqo
 - Uzobo ngokumayana
- **Uzobo ngqo**
 - Umbhali unakho ukumchaza ngokwakhe umlinganiswa.
 - Inkangeleko yomlinganiswa
 - Kusenokusetyenziswa izibongo ukuchaza umlinganiswa

Umbhali usenokubatyhila ngqo ngokwakhe abalinganiswa bakhe: Jonga kule noveli (p20 kunye p43) indlela umbhali amchaza ngayo uThantaswa xa achaza ubuhle bakhe nokumila okanye ukufaneleka kwakhe. Umbhali apha usinika umfanekiso ogcweleyo ngomlinganiswa wakhe oyintloko. Ezi nkcukacha zenza ukuba umfundi ambone ngeliso lengqondo uThantaswa, uthi xa esichazela ngoThantaswa umfundi naye azithandele kweli nenekazi limanz'andonga kungako sisithi umtyhile ngendlela ethe ngqo.

- **Uzobo ngokumayana**
 - Umbhali umenza umlinganiswa aziphuhlise ngokwakhe ngamazwi akhe, nezimbo zakhe.
 - Umbhali usenokumchaza ngezinto ezithile umlinganiswa
 - Incoko yabalinganiswa ingadlala indima ekuthiyweni kwabo.
 - Umbhali ukhetha igama lomlinganiswa kuba efuna ukuzalisekisa injongo ethile ebalini

Umlinganiswa usengazibonakalisa into ayiyo ngezimbo nangentetho yakhe: Yiva intetho kaThantaswa kwiphepha (48) xa encokola noMfuneko malunga

nokuzeka kukaMsindisi isithembu kuba yena efumanise ukuba akasayikuphinda afumane bantwana. 'kungcono uMsindisi singamfumani sobabini nalo mntu aceba ukumthatha.... Ingcinga zakhe zezokubulala kanti nakwiphepha (p45) ukwathetha ngokubulala. Ezi ntetho zimveza njengomntu enentliziyo embi/emdaka, yonke le ntetho ibonisa inkohlakalo. Ubungelosi abubo ngokwasesinxibeni buyakhabana nentliziyo yakhe. Ubuhle bekhiwane ziimpethu ungqina loo ntetho.

Isimilo somlinganiswa ophambili sisenokuphuhliswa nangabanye

abalinganiswa: Abahlobo bakaThantaswa bayamhleba bathi ubengxamele ukutyeba msinyane. Jonga kwiphepha (p189) xa kuncokola uNomthandazo noNomathamsanqa emva komngcwabo kaThantaswa. Yiva amapolisa xa athetha ngoThantaswa kwiphepha(p189). Akukho mntu umvelayo ngenxa yezenzo zakhe, abantu bambona njengesigebenga ebesifuna ukuzityebisa ngemali yomyeni wakhe. "Sakutsho siphumle" batsho abantu ekuhlaleni.

INDIMA KANOBALISA

Indlela abalisa ngayo umbalisi

- Kubaliso lwamabali ubalulekile umbalisi kwakunye nendlela abalisa ngayo.
- Angabalisa apho asixelela ngokwakhe okwenzekileyo
- Angabonisa apho abalinganiswa bazithethela ngokwabo

Iindidi ezaziwayo zababalisi zine zezi:

(a) Umbalisi owongameleyo/ophezu konke

- Lo mbalisi ubonakalisa ukungabi namida ekulazini ibali lakhe nasekubazini abalinganiswa bakhe,
- Wazi okuza kwenzeka nokusezingqondweni zabalinganiswa bakhe.
- Uyakwazi ukungena kumlinganiswa ngamnye, azi isiganeko ngasinye azi izinto ezicingwa ngumlinganiswa ngamnye ade amise ibali asikhokele ngeengcinga iinjongo novakalelo lwabalinganiswa abenzileyo.
- Ukhe amise ibali kwindawo engamanelisiyo aphimisele izimvo zakhe

(b) Umbalisi ubalisa ngokusebenzisa omnye wabalinganiswa

- Uthi alibalise ngokwakhe ibali, uthi ibali eli liphume ngaye.

- Lo mbalisi uye azibeke abe ngumntu ongazi nto ngabanye abalinganiswa aze ke yena umbhali asixelele konke ngalo mlinganiswa kuba yena wazi konke ngaye.
- Apha thina bafundi bebali senziwa sibone izinto ezenzekayo ngendlela azibona ngayo lo mlinganiswa

© **Usenokuba umbhali yena angangeni ndawo ibali libaliswe ngumlinganiswa othile lihle linyuka ibali liyintetho ngqo.**

- Usebenzisa intetho yomntu wokuqala.
- Iziganeko sizibona thina bafundi ngalo mlinganiswa.

(d) **Kukho ukuba ibali liyekwe lizithulule ngokwalo ukuze umfundi webali azitolikele ngokwakhe.**

UMXHOLO

- Lo ngowona mcamango ungumongo/uphambili wenze umbhali wathatha usiba lwakhe waba uyabhala.
- Umxholo yile nto kuthethwa ngayo / isisihlahla
- Le ngcinga ilithungela ilityhutyhe lonke ibali ukusuka kwingabula zigcawu ukuya kwisiphelo
- Umbhali angawuphuhlisa ngeentetho, izenzo, izinxibo neenkolo zabalinganiswa.
- Umxholo ukhatshwa yimpixano ukuze ibali liqhubeke utsala nomdla.

IMIXHOLWANA

- Ixhasa umxholo
- Ixhasa umyalezo wombhali
- Ayilithathi lonke ibali njengoko usenza umxholo.

UMXHOLO NGOKWENOVELI YETHU:

- Ulwaphulo-mthetho alunambuyekezo/Ubugebenga abunambuyiselo

IMIXHOLWANA

- Uthando olunganyanisekanga

- Ukungcatshana
- Ubugwinta
- Ukunyoluka
- Ukukrexeza
- Inzondo
- Ubuhle bekhiwane ziimpethu

ULWIMI NESIMBO

- Ulwimi bubuchule bombhali namagama athi awasebenzise xa ebhala litsho ibali lakhe linambitheke.
- Isimbo yindlela exhaphakileyo yombhali ethi imahlule kwabanye ababhali bexesha elithile labo.
- Izinto eziqaqambisa ulwimi nesimbo sokubhala kukuchongwa kwamagama, kukusetyenziswa kwemifanekiso-ngqondweni, ukusetyenziswa kwezafobe, ukusetyenziswa kwemiqondiso, ukusetyenziswa kwezivakalisi ezide okanye ezifutshane.

➤ **Ukuchongwa kwamagama.**

Umbhali wale noveli singathi uyenzile imigudu yokusebenzisa ulwimi olunomtsalane. UKula usebenzise isigama asichonge ngobuchule ukuze kuphuhle into athetha ngayo.

Kwiphepha (21) umbhali usebenzise igama elithi 'nzwakazi', elintsingiselo yalo ithetha ubuhle obugqithisileyo bomntu obhinqileyo.

Umbhali uzakhele isibayiyo 'yingcwenga' esiphuma kwisenzi 'ukucwenga' nesibenza bugqibelele gqibi obu buhle athetha ngabo.

Ukwalama kuthetha into engamelanga kubonwa ngeliso lenyama, ukuchongwa kwesi senzi kungqinisisa ukuba uMsindisi wadlwengulwa umxhelo bubuhle bukaThantaswa.

Kwakhona umbhali uchonge izaci namaqhalo ekuthiyeni ezinye izahluko utsho umxholo weso sahluko uphuhliswe ngentsingiselo yeqhalo okanye isaci eso.

➤ **Ukusetyenziswa kwemifanekiso-ngqondweni**

Umbhali usebenzise umfanekiso-ngqondweni kwiphepha (21) 'yayicwenge okwelanga lehlobo liphuma' lo mfanekiso-ngqondweni weliso uqaqambisa ngakumbi ubuhle bukaThantaswa.

Umfanekiso-ngqondweni wendlebe kwiphepha (131) 'weva incwina engathi yeyenkomo equnjelweyo', uphuhlisa ukuduntsa kabuhlungu kukaMfezeko ngenxa yesisu esitsheqayo. Umfanekiso ngqondweni weliso, 'wayekhuphe amehlo amhlophe okwesibonkolo', uphuhlisa imeko emandundu owayekuyo uMfezeko. 'Umlomo uvuza izinkcwe okwenja....' umfanekiso- ngqondweni weliso ubonisa ukuba into eyayiphuma ngaphakathi kwaye ingathandwa lulwimi ngokungathi iyakrakra.

➤ **Ukusetyenziswa kwemiqondiso**

Umbhali usebenzise umqondiso kwiphepha (16), ubusuku bumele imikhuba emibi yiloo nto ke uMsindisi egwintwa ngobusuku.

Kwiphepha (21) umbhali usebenzise umqondiso xa achaza ubuhle bukaThantaswa, 'ngumbono lowo owawufana nephupha kuye, into yokuhlala alame umamlambo ezihambela kude le neziziba'. Umamlambo kukholelwa ukuba mhle kakhulu, ngako ke umele ubuhle.

ISIGQEBELO

- Lo ngumahluko kubaliso obonakala phakathi kokuthethwayo nokusingiselwe kuko, okuthethwayo nokwenzekayo, okulindelekileyo nokude kwabe kuyenzeka, okuthethwayo kunye noko kwaziwa ngabanye malunga naloo nto
- Sisetyenziswa kakhulu kubaliso ukuphuhlisa impoxo okanye ukuhlelisa ngobutyhakala bomlinganiswa okanye ukuphuhlisa intlekele kwibalana elo.
- Sibonakala kwabafundayo ngokuthi isenzo somlinganiswa siphume kwinkalo ebingalindelwanga okanye intetho yomlinganiswa othile ingangqamani nesiphumo esisisenzo ngokuchaseneyo nenjongo leyo yentetho yesithethi.

Isigqebelo ke ngoko yintetho embaxa, nethi apha kobu bume bayo bumbolo-mbini idale nempoxo. UKula kule noveli yakhe, usihlwayele esi sagwelo. Yiva amazwi kaThantaswa kwiphepha (40) xa athetha nomama wakhe kunomyayi ngomba wesithembu ocetywayo emzini wakhe. Esi sibini sizibeka ethembeni kuba sicinga

ukuba uThixo ukhusela nezikrelemnqa. UThantaswa uzingomba isifuba ngokuba noThixo ophilayo xa afuna ukudla imali kaMsindisi ngobuqhetseba. iyamcaphukisa into yokungabandakanywa kwakhe kweli bhunga. Unina umthuthuzela ngelithi uThixo okhoyo yena unxiba ibhulukhwana yokubaleka kangangendlela azityhila msinyane ngayo izinto ezenzeka ebantwini bakhe. Abo bantu bakaThixo athetha ngabo nguye nentombi yakhe. Thina bafundi sihleka sitsarhwe ekugqibeleni xa uThantaswa alahlwa nguThixo wakhe ophilayo nokwakhawuleza ukuyivelisa inyaniso.

Esinye isigqebelo sifumaneka kwiphepha (120). Kwakhona kuthe kanti la mazwi kaThantaswa ajongise kwalapha kuye kuba ekugqibeleni ilifa likaMsindisi lidliwa nguPhumlani, unyana kaMsindisi, ngeli xa yena adliwa ziimpethu neembovane phantsi komhlaba engakhothanga naphantsi. Oyena mntu oza kuliva “ngokunuka okwenyama yamagqirha” ilifa likaMsindisi ngumama wakhe.

UThantaswa uthanda ukusebenzisa ibinzana elithi, üThixo ophilayo”. Ngubani onoThixo ophilayo phakathi kwakhe nekhaya lakwaYangaphi? Ngubani onoThixo onxibe ibhulukhwana emfutshane phakathi kwakhe nekhaya lakwaYangaphi? UThantaswa apha simbona egotyelwa yimela esandleni, kuba oyena mntu unxityelwe ibhulukhwana emfutshane nguThixo ophilayo ikwanguye lo. Yimpoxo le esetyenziselwe ukuhlekisa ngezi zishwabulo zakhe zingenandawo entliziyweni yomDali.

Esinye isigqebelo sisifumana kwiphepha (153), ixhwele lodumo laseZamokuhle, emva kokuba litshisele uMapheza nomkhukhu ngovutha. La mazwi amdiza uSiphongo njengomntu ongenankathalo ngobomi bomnye umntu, ukuba nje yena ufumene imali yonke into iphelele. Bona indlela othuka ngayo akuxelelwa nguNontsikelelo ukuba laa mkhukhu utshileyo ngulo ubusetyenziswa ngunyana wakhe, uSakhiwo. Isigqebelo kula mazwi akhe kukuba kubhubhe unyana wakhe endaweni kaMfezeko.

ISIPHELO

- **Inoveli inganesinye sezi ziphelelo:**

- **Isiyolisi:**(inesiphelo esimnandi): umlinganiswa oyintloko uyaphumelela kwaye loo mpumelelo yakhe yinto entle enqwenelwa nangubani.

- **Intlekele:** umlinganiswa oyintloko akaphumeleli kwiinjongo zakhe kwaye eso siphelo siba yinto embi (ukufa/ ukubanjwa njl).

Le noveli yintlekele kuba iphela ngokufa komlinganiswa oyintloko – uThantaswa uyazibulala akubona ukuba iimfuno zakhe azifezeki, uzibona engenakusinda ekubanjweni, azibulale yena noMfuneko.

IZIGANEKO NGOKOKULANDELANA KWAZO

- ✓ Ukudibana kukaTantaswa noMsindisi usomashishini owaziwayo
- ✓ Ukuxambulisana kukaMfezeko noMfuneko bebanga uHlengiwe.
- ✓ Ukutshata kukaThantaswa noMsindisi, umtshato oyindumasi ongasekelwanga luthandweni.
- ✓ Ukukhulelwa kukaThantaswa ze kuphume isisu.
- ✓ Ukubuyelana kukaThantaswa nesiinqandamathe sakhe saphambi komtshato uMfuneko onguye notata womntwana wakhe.
- ✓ Iyelenqe lokubulawa kukaMsindisi liqulunqwa nguMfuneko noThantaswa.
- ✓ Ukugwintwa kukaMsindisi ngootsotsi abathengwe nguThantaswa ngenxa yesithembu nelifa.
- ✓ Ukuphandwa kukaThantaswa ngumcuphi Mfezeko Mapheza.
- ✓ Ukukhohliswa kukaNqoza nguMfuneko
- ✓ Ukudliswa kukaMfezeko ityhefu esingcwabeni.
- ✓ Ukubiwa kwakhe esibhedlela.

- ✓ Ukugqogqa kukaMfuneko notsotsi bakhe kwaMfezeko
- ✓ Ukutshiswa kwetyotyombe alaliswe kulo lixhwele elinguSiphongo.
- ✓ Ukusinda kukaMfezeko ekufeni ngomlilo.
- ✓ Ukusasazwa kobuxoki malunga nokufa kuka Mapheza
- ✓ Ukubuyela kukaMfezeko emsebenzini.
- ✓ Ukunqunyanyiswa kukaMfuneko kunye noNqoza emsebenzini.
- ✓ Ukubanjwa kukaMdlambila malunga nokutshintshwa kwamaphepha amafa.
- ✓ Ukubanjwa kwezigwinta zikaMsindisi.
- ✓ Ukuvalwa kwemali zikaMsindisi nezikaThantaswa
- ✓ Ukudutyulwa kukaMfuneko nguThantaswa naye azidubule.